



**URhulumente
weNtshona Koloni**

EzeMfundo

**IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka
2012/2013 - 2014/2015**

Amanqakwana:

1. Ukuchuleza ekufundeni nokutolika olu Xwebhu

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka seSebe iWCED (*WCED Annual Performance Plan (APP)*) masifundwe kunye nesiCwangciso seMinyaka emiHlanu i-*Five-year Strategic Plan (2010 – 2014)*.

Uxwebhu i-APP luqulunqwe ngokwethemphoyithi ye-ofisi kanondyabo kuzwelonke. Intsebenzo ifakwe kwithemphoyithi yecandelo lezemfundo.

Iimali ezabelwe imfundo zahlulwe ngokweeprogram ezisi-8. Iprogram nganye icaciswa ziiprogram ezisekelayo zikazwelonke. Ezi program zidweliswe ekuqaleni kweprogram nganye.

Iithebhile zebhaji ezimiswe nguzwelonke (*nationally-defined budget tables (BTs)*) zifakwe iinombolo ngokweeprogram echaphazelekayo. Iithebhile nganye yeBT inesethi yezalathi ezibonisa imali.

Kwizihlomo kukho ezinye iithebhile zedatha ekususelwa kuzo ukucwangcisa, ukubeka esweni nokuvavanya okwenziwa kuzwelonke, kunye nokubeka imilinganiselo engumzekelo (*benchmarks*). Iinkcukacha-manani zezecandelo liphela zaze emva koko zahlula-hlulwa zazezeseethana (*subset*) nganye o.k.t uNdlunkulu (obandakanya izithili zemfundo); zonke izikolo zikarhulumente neziphinde zahlulwe zaba ziiprayimari, iisekondari, izikolo ezizimeleyo, izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa; iiKholeji zeFET, imfundo yabadala, imfundo yabantwana abasaqalayo neenkondo ezincedisayo.

Kukho izalathi zikazwelonke ezibizwa ngokuba “YiMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram” nezalathi zephondo ezibizwa ngokuba “ZiZalathi zeNtsebenzo kwiiProgram.

Makuqatshelwe ukuba amanani ka-2011/12 kwiithebhile aluQikelelo oluHlenga-hlengisiweyo.

2. Iikopi eziguqulweyo:

Ikopi zolu xwebhu ngolwimi lwesi-Afrikansi nesiXhosa ziya kufumaneka kweli ziko lewebhu leWCED: <http://wced.school.za> kwiintsuku ezingama-30 zokwandlalwa kwalo.

3. IsiHlomelo

Iikopi “zesiHlomelo E” (*Technical Indicators for the Programme Performance Indicators*) zifumaneka apha: <http://wced.school.za>

PR Number: PR 43/2012
ISBN Number: 978-0-621-40698-6

Ukufumana iikopi zolu xwebhu, kucelwa uqhagamshelane nalo:
Head: Education,
Private Bag X9114,
Cape Town, 8000.
Ifoni: 021 467 2531
Ifeksi: 021 461 3694
I-imeyili: media1@pgwc.gov.za

Olu xwebhu luya kufumaneka xa luceliwe ngesi-Afrikansi nangesiXhosa malunga ne-31 Matshi 2012.

Ukunikezelwa koxwebhu ngokusemthethweni

Esi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka:


- siqulunqwe ngabaphathi beSebe leMfundo leNtshona Koloni phantsi kwesikhokelo soMphathiswa weMfundo weSebe leNtshona Koloni
- silungiswe ngokungqinelana nesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule esikhoyo ngoku seSebe leMfundo leNtshona Koloni; yaye
- sibonisa ngokuchanekileyo iithagethi zentsebenzo iSebe leMfundo leNtshona Koloni eliya kuzama kangangoko ukufikelela kuzo ngokuxhomekeka kwimali efumanekayo kwibhajethi ka-2012/13.



Mnu Leon Ely
IGosa lezeMali eliyiNtloko



Nks Anne Schlebusch
IGosa eliyiNtloko elijongene nezoCwangciso



Nks P A Vinjevoid
IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali

Sivunyiwe ngulo:



Mphathiswa Donald Grant
OneGunya loLawulo

Iziqulatho

ICandelo A: Ingcaciso ngokubanzi

1.	Umbono.....	1
2.	Eyona njongo ephambili	1
3.	Iinjongo.....	1
4.	Iimfundiso ezisisiseko.....	2
5.	Iimbulambethe (nguMphathiswa)	2
6.	Iintshayelelo liGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali	3

ICandelo B: Inkcazo yesiCwangciso soBuchule

1.	IsiCwangciso <i>Schooling 2025</i>	5
2.	Iimvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo	5
3.	Ucazululo lweeMeko eziQhubekayo oluhlaziyiweyo	6
	3.1. Imeko eNgqonge uKwenziwa kweeNtsebenzo	6
	3.2. Imeko engqonge iSebe	11
	3.3. Uhlaziyo lweMithetho nezinye iziGunyaziso	11
4.	Amaphulo ongenelelo ngoncedo acwangcisiweyo neeprogram	13
	4.1. Iiprayorithi zeBhajethi zamaCandelo	13
	4.2. IziCwangciso zePhondo	15
5.	IsiShwankathelo seBhajethi ka-2011/12 noQikelelo lwe-MTEF	23
	5.1. UQikelelo lweNkcitho neeTheyibhile zeBhajethi zamaCandelo	23

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram nezeeprogram ezisekelayo

1.	IProgram 1: Ezolawulo	25
	1.1. Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neeThagethi zoNyaka zango-2012/13	27
	1.2. Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	27
	1.3. INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho	30
	1.4. IiThagethi zaQho ngeKota	30
2.	Iprogram 2: Izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	31
	2.1. Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neeThagethi zoNyaka zango-2012/13	33
	2.2. Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	34
	2.3. INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho.....	39
	2.4. IiThagethi zaQho ngeKota.....	39
3.	Iprogram 3: Iinkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo	40
	3.1. Iinjongo zoBuchule neeThagethi zoNyaka zango-2012/13	40
	3.2. Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	41
	3.3. INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho.....	42
	3.4. IiThagethi zaQho ngeKota.....	42

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram nezeeprogram ezisekelayo (zisaqhutywa)

4.	Iprogram 4: Imfundo yeSikolo esineeMfuno eziZodwa sikaRhulumente	43
4.1.	linjongo zoBuchule, Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neeThagethi zoNyaka zango-2012/13	44
4.2.	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	45
4.3.	INTsebenzo neeMpawu zeNkcitho.....	46
4.4.	liThagethi zaQho ngeKota.....	46
5.	IProgram 5: Imfundo noQeqesho oluQhubekayo	47
5.1.	linjongo zoBuchule neeThagethi zoonyaka zango-2012/13	48
5.2.	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	50
5.3.	INTsebenzo neeMpawu zeNkcitho.....	51
5.4.	liThagethi zaQho ngeKota.....	51
6.	IProgram 6: Imfundo yaBadala noQeqesho	52
6.1.	linjongo zoBuchule neeThagethi zoonyaka zango-2012/13	53
6.2.	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	54
6.3.	INTsebenzo neeMpawu zeNkcitho.....	54
6.4.	liThagethi zaQho ngeKota.....	54
7.	IProgram 7: Uphuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo	55
7.1.	Injongo zoBuchule, Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neeThagethi zoNyaka zango-2012/13	56
7.2.	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	57
7.3.	INTsebenzo neeMpawu zeNkcitho.....	58
7.4.	liThagethi zaQho ngeKota.....	58
8.	IProgram 8: linkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo	58
8.1.	linjongo zoBuchule neeThagethi zoonyaka zango-2012/13	59
8.2.	Ukungqinelanisa iiThagethi zentsebenzo neBhajethi neMTEF	60
8.3.	INTsebenzo neeMpawu zeNkcitho.....	60
8.4.	liThagethi zaQho ngeKota.....	60

ICandelo C: Ukunxibelelana neZinye iziCwangciso

1.	Ukunxibelelana nezicwangciso zeziseko zophuhliso zethuba elide, ezemisebenzi yokwakha neminye imisebenzi	61
2.	Igranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	66
3.	Amaqumrhu axhaswa ngurhulumente (<i>Public entities</i>)	70
4.	Amaphulo obambiswano phakathi kukarhulumente namaqumrhu abucala	70

Izihlomelo

1.	IsiHlomelo A: Isicwangciso soMsebenzi neZalathi zeMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo.....	71
2.	IsiHlomelo B: Isishwankathelo semiLinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram	73
3.	IsiHlomelo C: IITHEYIBHILE zeNgcaciso eziFanelekileyo ekuCwangciseleni iCandelo lezeMfundo	81
4.	IsiHlomelo D: Izishunqulelo	90
5.	IsiHlomelo E: Okuqhubekayo kutshanje kwisiCwangciso soBuchule (<i>Strategic Plan update</i>).....	91

ICandelo A: Ingcaciso ngokubanzi

1. Umbono

Ukudala amathuba amahle kumntu wonke ngokuphucula imfundo.

Oku kuphunyezwa ngeenjongo ezintathu ezongamileyo nezona ziphambili:

1. Ukuphucula ulwazi lokufunda nolokubhala nolwazi lokubala kwizikolo eziziiprayimari
2. Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukunciphisa amanani ezikolo eziqhuba kakubi

2. Eyona njongo ephambili

Ukubonelela ngemfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi kwiphondo ngokwenza oku kulandelayo:

- Ucwangciso nolawulo jikelele lwenkqubo yemfundo
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- Inkxaso enikwa izikolo ezizimeleyo
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa
- Imfundo noQeqesho oluQhubekayo kwiikholeji ze-FET zikarhulumente
- Imfundo noqeqesho lwabadala kumaziko emfundo oluntu
- UPuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo ukuFunda kwiBakala R
- Amathuba oqeqesho olwenzelwa ootitshala nabangezotitshala
- Iprogram yokutya ethagetha abathile nezinye iindlela zokunciphisa ubuhlwempu namanyathelo ezokhuseleko
- Ukunika inkxaso ootitshala ngokubonelela ngezona meko zengqesho zisisiseko, ngezikhuthazi (*incentives*) nangeprogram yempilo qete yabaqeshwa

3. Iinjongo

Injongo eCwangciswe ngoBuchule eJolise kwiSiphumo 1	Ukuphucula uLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala kwizikolo eziziiPrayimari ¹
Inkcazo yeNjongo	<p>Ukuphucula umgangatho wentsebenzo kuLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala ukwenzela ukuba: i-40% yabafundi kwiBakala 3 ikwazi ukusebenzisa uLwimi ngokungqinelana nemigangatho yeminyaka yobudala babo ngo-2014 ize i-60% ikwazi ukubala ngokungqinelana nemigangatho yeminyaka yobudala babo kwi-Mathematika.</p> <p>I-40% yabafundi kwiBakala 6 ikwazi ukusebenzisa uLwimi ngokungqinelana nemigangatho yeminyaka yobudala babo ngo-2014.</p> <p>I-50% yabafundi ikwazi ukubala ngokungqinelana nemigangatho yeminyaka yobudala babo kwi-Mathematika.</p> <p>I-55% yabafundi kwiBakala 9 ikwazi ukusebenzisa uLwimi ngokungqinelana nemigangatho yeminyaka yobudala babo ngo-2014</p> <p>I-20% ikwazi ukubala ngokungqinelana nemigangatho yeminyaka yobudala babo kwi-Mathematika</p> <p>Amanqaku aya kulandelelwa ngokumana kusenziwa uvavanyo qho ngonyaka kwaye amaphulo ongenelelo ngoncedo aya kutshintshwa apha naphaya ngokungqinelana noku.</p>

¹ Makuqatshelwe ukuba iithagethi zoLwazi lokuFunda nokuBhala kumaBakala 3 no-6, njengoko kumiselwe kwiNkcazo yeNjongo ye *Strategic Plan (2010 – 2014)*, zitshintshiwe ngokungqinelana nemigangatho engqongqo eyayisetyenziswa ngaphambili kwiimvavanyo ze *WCED* zika-2011. Iithagethi zokuqala kwiBakala 9 zamiselwa kungekho millinganiselo engumzekelo malunga noku yaye ngoku ikho ngokususela kwiziphumo zovavanyo olulingwayo lweminyaka emi-2.

Injongo eCwangciswe ngoBuchule eJolise kwiSiphumo 2	Ukuphucula inani labafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ²
INkcazo yeNjongo	Ukuphucula ireyithi yokupasa kwiNSC ngokubonelela ngeencwadi zezifundo, ngeeprograms ziqeqesho lootitshala, ngolawulo nangenkxaso. Iithagethi zika-2014 ngabafundi abayi-43 000 amabapase iNSC nabayi-17 500 abafanele ukungenela isiDanga sokuQala (<i>Bachelor's degree</i>); ngabafundi abayi-11 000 amabapase iMathematika nabayi-8 000 amabapase i-Physical Science.
Injongo eCwangciswe ngoBuchule eJolise kwiSiphumo 3	Ukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi
INkcazo yeNjongo	Ukuphelisa ukuqhuba kakubi kwabafundi kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwizikolo eziphakamileyo: oko kuthi, makungabikho sikolo sinereyithi yokupasa engaphantsi ko-60% ngo-2014. Ukuphelisa ukuqhuba kakubi kwabafundi kwamanye amabakala njengoko oku linganiswa ngezi mvavanyo ii-Annual National Assessment (ANA) kumabakala 1 - 6 no-9 neemvavanyo zeSebe iWCED kumabakala 3, 6 no-9.

4. Iimfundiso ezisisiseko

- Ukubaluleka kakhulu komfundi
- Iimfundiso ezisisiseko zoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika noMqulu waMalungelo oLuntu
- Ukusebenza ngokugqwesileyo ngokuthi kubekho abasebenzi abangootitshala abawenza kakuhle umsebenzi wokufundisa, abanikwa inkxaso, abaxhotyiswe ngezakhono nabaqeqeshwe ngokufanelekileyo nabazinikeleyo emsebenzini wabo
- Uxanduva lokuphendula nokwenzela izinto ekuhlени (*Accountability and transparency*)
- Ukuthembeka nokusebenza ngokugqwesileyo kwimisebenzi yolawulo neyokunika inkxaso

5. Imbulambethe eyenziwa nguMphathiswa



UDonald Grant, UMphathiswa wezeMfundo, eNtshona Koloni

Ngumbono kaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni ukwandisa amathuba okuphila ebomini abafundi kweli phondo ngokuphucula imfundo.

Ukubonisa ngezenzo lo mbono, senze saza sakhupha isicwangciso sobuchule sezemfundo ngo-2009 sethuba eliqala ku-2010 kuye ku-2019 nesibophelela lo rhulumente kwezi zinto:

- ekuphuculeni umgangatho wokupasa kwabafundi kulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala kwizikolo eziziprayimari;
- ekuphuculeni inani labafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kunye
- nokunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi kwiphondo.

Isicwangciso sethu sobuchule sigxininisa ezona nkalo ziziprayorithi eziphambili yaye sicacisa iithagethi zentsebenzo ephuculweyo kwiphondo. Esi sicwangciso sisekelwe kwinkqubo ezinzileyo ithuba elide, ejolise kokuthile necwangciselwe ukuphucula imfundo.

² Makuqatshelwe ukuba iithagethi zamanani okupasa iMathematics nePhysical Science ezinikwe kwiNkcazo yeNjongo yeStrategic Plan (2010-2014) zitshintshiwe ukuze zingqinelane neempawu zobhaliso kwiphondo nakuzwelonke.

Kwithuba elisusela ku-2010 ukuya ku-2014, isicwangciso sibeka isiseko esiluhlile sokuphucula umgangatho wokupasa kwabafundi kwithuba eliya kulandela ngo-2014 -2019, nekuya kuthi ngalo abafundi babe nethuba lokufundiswa ngenkqubo yezemfundo elungiselelwe nelawulwa ngenjongo yokuba iphumeze iithagethi ezibekiweyo.

Sele kuyiminyaka emibini esi sicwangciso savunywayo. Namhlanje, uRhulumente weNtshona Koloni angatsho ngokuzithemba ukuba kwenziwe inkqubo ebonakalayo ekuzinziseni iziseko eziyimfuneko zokuphucula imfundo eNtshona Koloni.

Ngo-2011, sakhela phezu kwezi ziseko, ngokuthagetha ngokukodwa izikolo ezenza iinkonzo phakathi kwabahlali abahluphekileyo nakwiSigaba seSiseko.

Iziphumo zeemvavanyo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezolwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala zika-2011 zisinika iithagethi ezintsha zokuphucula umgangatho yaye zisinceda ekubeni siphucule ngakumbi isicwangciso sethu sonyaka wesikolo ka-2012.

Kule minyaka mibini izayo, sijonge ngethemba ekuzinziseni ngakumbi umgangatho osele uqaliwe ukuba ungeniswe nzulu kwinkqubo yezemfundo yeli phondo ngokuphucula – ngeli thuba - ubunkokeli nolawulo lwezikolo zethu ngokubonelela ngamathuba ophuhliso ajolise kwiinkalo ezithile nokuqaliswa kwamanyathelo aphuculweyo okubanako ukuphendula ngoxanduva lwakho. Sikwajonge ngethemba ukwandisa ukufikelela kwithekhinoloji ezikolweni zethu ukuphucula umsebenzi wokufundisa nokufunda ezikolweni zethu.

Ekuqaleni kuka-2011, ndenza isigqibo sokuzibophelela esingazanga senziwa ngaphambili sokuqinisekisa ukuba kule minyaka mithathu izayo, umntwana ngamnye ukuqalela kwiBakala 1 ukuya kwiBakala 12, uya kuba nencwadi yesifundo kwisifundo sakhe ngasinye okanye kweso sifundo asifundayo. Oku kuya kuba kokokuqala ngqa kwimbali yoMzantsi Afrika. Ukwenzela ukuba kuzalisekise oku kuzibophelela, iSebe leMfundo leNtshona Koloni, labele isixa esikhulu sebhajethi yalo ukubonelela ngeencwadi zezifundo. ISebe linezicwangciso zokutyala imali emalunga ne-R466 yezigidi kule program yokuthengwa kweencwadi zezifundo ngeli thuba leminyaka emine. Esi sixa-mali asizibandakanyi iimali ezongezelelweyo ezabelwa izikolo ngenjongo yokuthengwa kweencwadi zezifundo ngokwemimiselo nemigangatho kazwelonke.

Kuyo yonke into esiyenzayo, siya kuqhubeka nokubeka abafundi phambili nokuqinisekisa ukuba ootitshala bethu baphathwa njengabantu abaxabisekileyo nabaqeqeshiweyo njengoko benjalo.

Isigqibo ngasinye esithathwayo esinxulumene nezemfundo eNtshona Koloni siya kuthi ekugqibeleni sixhaswe ngumbono wethu wokuphucula amathuba okuphila abafundi bethu ngokuphucula imfundo.

6. Intshayelelo liGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali

Esi sicwangciso seNtsebenzo soNyaka sidwelise iithagethi neenjongo zeSebe iWCED ngo-2012/13.

Ukwenzela ukomeleza izicwangciso nokuphucula ukusebenza ngempumelelo, iSebe iWCED liqalise imisebenzi yocazululo lwedatha (*data analysis exercises*). Eminye yile icaciswe apha ngezantsi:

- Ucazululo lwedatha yeziphumo zeMathematika neSayensi lube negalelo kwisiCwangciso seMathematika neSayensi (*Strategy for Mathematics and Science*) kwiphondo.
- Umsebenzi wokuphonononga iinkqubo zobhaliso kwizikolo eziziprayimari, kwimeko engqonge amanani abafundi abaphinda iBakala 1, uphemebelele ukuqhutywa kwephulo elilingwayo (*pilot*) lokuvavanya ukulungela ukufunda kwabafundi beBakala R abasele benikwe iindawo kwiBakala 1. Iziphumo zikhokelele kuthotho lwamaphulo ongenelelo ngoncedo ukulungisa imeko yobhaliso lwamanani agqithisileyo (*over-enrolment*) kwiBakala 1 naya kuchaphazela iinkqubo ezenziwayo ngo-2012/13.

- Amaphando angobhaliso neendlela zokugcinwa kwamanani abafundi atsalele ingqondo yethu kwireyithi ephakamileyo “yabafundi abaphindayo” kwiBakala 9. Okuzuzwe kuphando kuya kuba negalelo kwindlela yokwenza amanye amaphulo ongenelelo ngoncedo amalunga noku kwithuba lango-2012/13.
- Uxinzelelo olubangelwa kukunganeli kwendawo yokufundela kwizakhiwo zezikolo luviwa kwiindawo ngeendawo ezahlukeneyo zeli phondo yaye ukutshekishwa kobonelelo ngeziseko zophuhliso zezikolo olwenziwayo njengangoku ngo-2011/12 (*current school infrastructure provision*), nephulo lokuvavanya ukuchaphazeleka kosetyenziso lwemimiselo nemigangatho yeziseko zophuhliso ecetywayo (*proposed infrastructure norms and standards*), yimiba esiya kugxininisa kuyo kumsebenzi wethu ngo-2012/13. Lo msebenzi uya kuba negalelo lokungqinelanisa uxinzelelo esinalo lokwakha ezinye iiklasi ezintsha kwelinye icala, nokulondoloza izakhiwo, ukujongana neehostele nokulawula iprogram yezothutho lwabafundi kwelinye.
- Amaphando okujonga ukusebenza ngempumelelo kwala manyathelo aya kufakwa emaxwebhini ngamaxwebhu ukulandelela ukonga imali nenzuzo efunyenwe koku.

Oku kusetyenziswa kocazululo lwedatha okunegalelo kwindlela yokwenza amaphulo ongenelelo ngoncedo lokunika inkxaso kucwangciso lwethuba elifutshane, eliphakathi, nelide, kuya kuqhubeka ukuxhasa, ukulandelela nokukhuthaza umsebenzi wethu ngo-2012/13.

ICandelo B: Inkcazo yesiCwangciso soBuchule

1. IsiCwangciso i-Schooling 2025 neeNjongo eziyi-27

Isicwangciso sezemfundo eMzantsi Afrika iSouth African education sector plan siqulethwe kwi-Action Plan 2014, towards Schooling 2025. Isicwangciso siqulethe iinjongo eziyi-27. Eziyi-13 zokuqala zimalunga neziphumo zokufunda, yaye ezinye iinjongo eziyi-14 zimalunga nokuba kunokufikelelwa njani kwezi ziphumo zokufunda.

Inkqubo yokumelwa kukuphendula ngoxanduva lwakho (*accountability system*) engqinelana nesi sicwangciso iqhagamshelene **neenjongo** zezemfundo zaseMzantsi Afrika (*South African education goals*), **izalathi** zazo, **neethagethi** zazo kunye **nezigaba esele kufikelelwe kuzo (milestones)**. Inani leenjongo liqingqiwe, izalathi zicaciswe gca yaye zinako ukulinganiselwa. Iithagethi mazibe 'ziindidi' yaye kufuneka ziye ziphucula imfundo ngakumbi nangakumbi. Zahlula-hlulwe ngokwamaphondo yaye zifanele ukuba zingathathwa ngokuba akusenakudlulwa kuzo. Lo gama iithagethi zikazwelonke sele zimiselwe ngokubanzi kwithuba elide eliya kufikelela ku-2025, izigaba esele kufikelelwe kuzo ngokubanzi zigxininisa kwiziphumo ezinqwenelekayo (*desired achievements*) kwithuba eliphakathi (ukuya kwiminyaka emihlanu kwithuba elizayo). Akumiselwanga zigaba kwiinjongo 14 ukuya ku-27, ekuziinjongo ezijongene nokuba kufikelelwa *njani na* kwiziphumo zokufunda. Izigaba zimiselwe iinjongo 1 – 13.

2. IMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo

IMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo (*Delivery Agreement*) yitshatha ekwagqitywa ngayo ngo-2010, yasayinwa phakathi kwabanye ngaba: uMongameli, uMphathiswa weMfundo esiSiseko naBaphathiswa bamaphondo (*MECs*). Iinjongo eziyi-27 zidweliswe apha ngezantsi. **Iinjongo eziphambili ezintlanu (five priority goals)** zeMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo (*Delivery Agreement*), zethuba elifikelela ku-2014, ziboniswa ngombhalo ongqindilili. Iinjongo **zeziphumo zokufunda** zezi:

- 1 ► Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 3 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala kwiBakala 3.
- 2 ► Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 6 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika kwiBakala 6.
- 3 ► Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 9 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika kwiBakala 9.
- 4 ► Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abakufaneleyo ukungenela iprogram yesiDanga sokuQala eyunivesithi.
- 5 ► Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abapase *imathematika*.
- 6 ► Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abapase *iphysical science*.
- 7 ► Ukuphucula umndilili wokupasa kwabafundi beBakala 6 *kwiilwimi*.
- 8 ► Ukuphucula umndilili wokupasa kwabafundi beBakala 6 *kwimathematika*.
- 9 ► Ukuphucula umndilili wokupasa kwabafundi beBakala 8 *kwimathematika*.
- 10 ► Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana bahlala bebhalse ngokwenene esikolweni ubuncinane ukuya kunyaka abagqiba ngawo iminyaka eyi-15.
- 11 ► **Ukuphucula ukufikelela kwabantwana kwimfundo yophuhliso lwabantwana abasaqalayo esemgangathweni (ECD) nengaphantsi kweBakala 1.**
- 12 ► Ukuphucula ukupasa kwabafundi nokugqithela kwamanye amabakala ukususela kumaBakala 1 - 9.
- 13 ► Ukuphucula ukufikelela kolutsha kwMfundo noQeqesho oluQhubekayo (*FET*) ngaphaya kweBakala 9.

linjongo zokuba kuya kufikelelwa **njani na** kwiziphumo zokufunda zezi:

14 ► Ukugaya kunyaka ngamnye iqela elitsha lootitshala abasebatsha, abanomdla abaqeqeshwe ngokufanelekileyo ukuba bajoyine umsebenzi wobutiitshala.

15 ► Ukuqinisekisa ukubakho nosetyenziso lootitshala ngohlobo lokuba kuthintelwe ubukho beeklasi ezinamanani amakhulu.

16 ► Ukuphucula ulwazi lomsebenzi nokwenza umsebenzi ngokuchubekileyo kootitshala (*professionalism*), izakhono zokufundisa (*teaching skills*) ulwazi ngezifundo (*subject knowledge*) ootitshala abanolwazi ngokusebenzisa ikhompyutha kuyo yonke imisebenzi yabo yokufundisa.

17 ► Ukwenza konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba abasebenzi abangootitshala (*teacher workforce*) baphile qete, banelisekile yaye bayawuthanda umsebenzi wokufundisa abawenzayo.

18 ► Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela kuzo zonke izihloko nenkalo zezakhono ekufanele bazifunde kunyaka wesikolo oqhubekayo.

19 ► Ukuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye unako ukufikelela kweyona seti incinane yeencwadi zezifundo neencwadi zomsebenzi (*minimum set of textbooks and workbooks*) ezifunekayo ngokomgaqo-nkqubo kazwelonke.

20 ► Ukwandisa ukwazi ukufikelela kwabafundi kwiintlobo ngeentlobo zemidiya (*range of media*), kuqukwa neekhompyutha, eziphucula umgangatho wemfundo yabo.

21 ► Ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zolawulo ezisisiseko zonyaka (*annual management processes*) ziaqhubeka kwizikolo zonke kweli lizwe ngendlela enegalelo nekhokelela kwisikolo esiqhuba kakuhle.

22 ► Ukuphucula uthatho-nxaxheba lwabazali nabahlali kulawulo kwezikolo, ngokuphucula ukwazi ukufikelela kwingcaciso ebalulekileyo ngokusetyenziswa kwesicwangciso se-*e-Education strategy*.

23 ► Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zixhaswa ngemali ngokwawona manqanaba asezantsi ngomfundi ngamnye nabalwa ngokwemimiselo kazwelonke nokuba imali isetyenziswa ngokungafihlisiyo nangempumelelo.

24 ► Ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso ezizizakhiwo zezikolo (*physical infrastructure*) nendawo engqonge isikolo ngasinye iyabakhuthaza abafundi ukuba bafune ukuza esikolweni yaye bafunde, nootitshala bafundise.

25 ► Ukusebenzisa izikolo njengezixhobo zokukhuthaza ukwazi ukufikelela kwiindidi zeenkondo zikarhulumente kwabafundi kwimiba efanazempilo, ukunciphisa intlupheko, inkxaso yasengqondweni neyenzentlalo (*psychosocial support*), ezemidlalo nezenkcubeko.

26 ► Ukwandisa inani lezikolo eziwuphumeze ngempumelelo umgaqo-nkqubo wemfundo ebandakanya bonke abafundi (*inclusive education policy*) nokwazi ukufikelela kumaziko abonelela ngeenkondo zeengcali (*specialist services*).

27 ► Ukuphucula ukwandiswa kwamaxesha nomgangatho weenkondo zokubeka esweni nenkxaso ebonelelwa zii-ofisi zezithili zemfundo ezikolweni ngokusetyenziswa bhetele kwemfundo i-*e-Education*.

3. Ucazululo lweeMeko eziQhubekayo oluhlaziyiweyo

3.1. IMeko eNgqonge uKwenziwa kweNtsebenzo

Ivunywa jikelele into yokuba owona mngeni mkhulu icandelo lemfundo esisiseko elijongene nawo kukuphucula umgangatho wokufundisa nokufunda ezikolweni. Iiprogram zovavanyo ezininzi kumazwe ngamazwe zibonise ukuba umgangatho wabafundi baseMzantsi Afrika ungaphantsi kakhulu kowamanye amazwe achitha imali engaphantsi ngomfundi ngamnye najongene nemingeni yentlupheko efanayo okanye engaphezulu neyeli. Le theyibhile ilandelayo inika iinkcukacha-manani eziphambili ezimalunga nolwazi lokubala nemathematika.

I-Provincial Review and Outlook document (PERO) ka-2011 iyicacisa le ngcaciso ikule theyibhile ngolu hlobo lulandelayo: “The Western Cape performance lies between 1½ and 2 standard deviations above the SA average and well above that of any other province in any of these tests. Such a performance is equivalent to at least a three to four year learning advantage on the average South African learners, as it would take on average three to four more years at school for the national performance to reach Western Cape performance levels, based on a relatively optimistic assumption of half a standard deviation annual increase in learning.

“Yet this does not provide much ground for complacency about the quality of education in the Western Cape. Though its performance is not as weak as most other provinces, the province still performs well below developed country standards in international tests. In TIMSS, a Grade 8 mathematics and science test, the score of Western Cape students of 389 was well above the South African score of 264, but also below the low international benchmark set at 400 and almost one standard deviation below the international mean of 467 among all participating countries. This placed the Western Cape performance at about the same level as that of Morocco, and below Egypt (406) and Tunisia (410).”

Umgangatho wemingeni yokufunda (Quality of learning challenges)

	Amanqaku angumndilili emathematika kwiBakala 6 kwi-international SACMEQ ³ programme (2007)	I-% yabafundi beBakala 3 abaphumelele ezinye ubuncinane kwii- ANA numeracy tests ngo-2011	I-% yabafundi beBakala 6 abaphumelele ezinye ubuncinane kwii- ANA numeracy tests zango-2011	Ireyithi yokupasa kwimathematika yeBakala 12 (2010)	Abapase imathematika beBakala 12 ngo-2010 njenge- % yeqela labana-18 iminyaka yobudala
EC	470	49	29	37	9
FS	493	29	26	48	10
GP	545	38	47	60	17
KN	485	38	36	48	16
LP	448	19	20	40	16
MP	477	17	17	41	14
NC	499	22	27	52	10
NW	503	19	18	53	12
WC	566	51	55	66	16
SA	495	34	31	47	14

Umthombo: 2007 SACMEQ dataset; official 2011 ANA report; official 2010 National Senior Certificate report. Makuqatshelwe: Ukwenzela iinkcukacha-manani kwikholam yokugqibela, isayizi yeqela lamanani abemi belizwe, yabalwa liSebe leMfundo esiSiseko kusetyenziswa amanani ahlangahlengisiweyo ukujongana nokungangqinelani kwamanani okuthile phakathi kwamanani obhaliso neenkukacha-manani zabemi belizwe.

Imfundo kwizikolo eziziiprayimari: Ulwimi neMathematika kumaBakala 3, 6 no-9 eNtshona Koloni

Ukususela ngo-2002 ukuya ku-2009 kwaye kwenziwa uvavanyo lwephondo kubafundi beBakala 3 no-6 kwiminyaka ekutsitywa ubemnye ukuya komnye (alternate years) ukwenzela ukufumanisa iingxaki abanazo nokulandelela inkqubo yabo. Ngo-2010 iSebe iWCED, lavavanya okokuqala ngqa, bonke abafundi beBakala 3, 6 no-9 ukuqinisekisa imeko yokufunda ulwimi nemathematika kwizikolo ngasinye kwiphondo. Eli ibilithuba lokuqala lokuvavanywa kwabafundi beBakala 9. Uvavanyo lweBakala 9 yayiliphulo lokulinga (pilot exercise) lokumisela uvavanyo lokwandlalela. Esi sigqibo sathathwa ngo-2011 ukwandisa amanqanaba omngeni kwezi mvavanyo, ngakumbi kwiimvavanyo zolwazi lokufunda nokubhala nolwimi, ngenjongo yokubeka eyona milinganiselo engumzekelo isezantsi kwiphondo. Kwafakwa kwezi mvavanyo ngokukodwa iitheksti ezinde

³Southern and Eastern Africa Consortium for Monitoring Educational Quality. Scores are designed to produce a mean of 500 amongst learners of all participating countries.

nezintsonkothe kakhulu ukwenzela ukuba ezi zihloko zovavanyo zibe nokuthelekiseka nezo zisetyenziswe kumazwe ngamazwe kula manqanaba emilinganiselo engumzekelo.

Iziphumo zeNkqubo yeMfundo kumaBakala 3, 6 & 9 ngo-2011						
IZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo						
		IBakala 3	IBakala 6		IBakala 9	
	ULwazi lokuBala	ULwazi lokuFunda nokuBhala	I-Mathematika	Ulwimi	I-Mathematika	Ulwimi
Ababhalayo	75,725	75,714	74,211	74,180	73,184	73,102
Abapasayo	35,742	23,017	17,365	23,367	7,611	32,311
I-% Yabapasayo	47.2	30.4	23.4	31.5	10.4	44.2
Umdlili (Mean)	46.3	38.7	37.6	40.9	20.9	48.9

ISatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Unyaka ka-2011 yayingunyaka wesine weSatifikethi seMatriki sikaZwelonke. Kubekho inkxaso enkulu enikwe izikolo ukwenzela ukuba zifikelele kwiithagethi ezizibekile zona ngokwazo. Ukusebenza nzima kube neziphumo ezikhuthazayo yaye iNtshona Koloni iphumelele ngereyithi yokupasa engu-82.9%. Lehlile inani labafundi abapasayokodwa oku kubangelwe liqela elincinci labafundi abangoontanga beBakala 12, emva kokuba kubekho utshintsho kumgaqo-nkqubo wobhaliso (*enrolment policy*) ngo-2000. Ireyithi yokupasa yande ngo-7% kwithuba leminyaka emibini edlulileyo.

Iziphumo ze-WCED Comparative NSC results 2008 - 2011					
Unyaka	Ababhalayo	Abapasayo	I-% yabapasayo	Abanokungenela isiDanga sokuQala	I-% Abanokungenela isiDanga sokuQala
2008 (NSC)	43 953	34 577	78.67	14 522	33.04
2009 (NSC)	44 931	34 017	75.71	14 324	31.88
2010 (NSC)	45 783	35 143	76.76	14 416	31.48
2011 (NSC)	39 988	33 146	82.89	15 215	38.07

Ngo-2011 ireyithi yokupasa yanda ngo-6.11% xa kuthelekiswa nango-2010. Nangona bekukho abafundi abambalwa ababhalwa iimviwo ngo-2011, kubekho abaviwa abayi-799 ngaphezulu abaphumeleleyo nabanokungenela isiDanga sokuQala ngo-2010.

Kwakhona iye yabhetele indlela eziqhuba ngayo izikolo ezikwiindawo zabahlali abangabona bathwaxwa yintlupheko. Ireyithi yokupasa eyi-avareji kwizikolo ngokubanzi ezikumaNqanaba 1 - 3 eNtlupheko iye yanda ukusuka ku-59% ngo-2010 ukuya ku-70% ngo-2011. Isalathi esinxulumene noku linani lezikolo ezinereyithi yokupasa engaphanisi ko-60%. Eli nani lehle ukusuka ku-85 ngo-2009 naku-78 ngo-2010 ukuya ku-30 ngo-2011.

Ireyithi yokupasa kwiMathematika yande yaya kutsho ku-68.65% ukusuka ku-65.95% ngo-2010. Kwi-Physical Science ireyithi yokupasa ngo-2011 ibingu-65.32%, nengaphezulu ngo-5.73% ku-59.59% wango-2010

ISatifikethi sikaZwelonke (Vocational)

Esi satifikethi samabanga emfundo eminyaka emithathu saqaliswa kwiiKholeji zeFET ngo-2007. Unyaka ka-2009 yayingunyaka wokuqala wovavanyo lwabagqibayo (*exit level testing*), yaye ngabafundi abayi-690 abapasayo. Ngo-2010, kwapaswa abafundi beNC (V) (FET College) Level 4, abayi-1 370, nekulinani eliphantse laliphinda kabini inani lilonke lango-2009 nelande laya kutsho ku-1651.

Iziphumo zika-2011 zibonisa ukuphucuka okuvuyisayo kwiireyithi zokupasa kwi-NC(V) ngolu hlobo lulandelayo:

NC(V) Level	Ireyithi yokupasa ka-2010	Ireyithi yokupasa ka-2011
2	27%	59.5%
3	14.3%	51.3%
4	40%	47.7%

Amanani abemi nokwandiswa kwamanani obhaliso

Amanani abantu eNtshona Koloni akhulile ukususela kubalo-bantu lwango-2001 yaye ayaqhubeka ukukhula. Ngokwengqikelelo yamanani abantu beli akhutshwe phakathi enyakeni ngo-2011 *nguStatistics South Africa (StatsSA)*, iNtshona Koloni ilikhaya kubantu abamalunga ne-5,287 yezigidi abamele i-10,45% yenani lilonke labemi boMzantsi Afrika. Abantu baseNtshona Koloni kulindeleke ukuba babe ngabona banokuphila ubomi obude (*highest life expectancy*) ekuzalweni kwabo abangamadoda nabangamabhinqa.

Ngokwamanani obhaliso oku kube neli galelo lilandelayo:

Icandelo	2009	2010	20 11	Umahluko 2009 – 2011
Abafundi beBakala R kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	46 100	52 597	53 688	7 588
Abafundi bamaBakala 1 - 12 kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	913 965	919 936	923 224	9 259
Abafundi kwiZikolo zeMfundo eneemfuno eziZodwa	17 966	18 292	18 878	912
Abafundi abaDala kuMaziko eMfundo oLuntu	38 053	40 120	36 582	-1 471 (abachatshazelwe lutshintsho lomgaqo-nkqubo)
Abafundi abasisigxina kwiiKholeji zeFET	28053	38 120	35 748	7 695

Le theyibhili ibonisa inani elandlileyo labafundi elingu-16 847 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kwiminyaka emi-3 (IBakala R ukuya ku-12).

Iprogram yokulungiswa komonakalo wangaphambili

ISebe leWCED, ngokubambisana namanye amasebe karhulumente nemibutho yabahlali, lidlala indima yokuthibaza ifuthe lentlupheko nolwaphulo-mthetho ekufundeni ngokubonelela ngokutya nangezinye izinto ezilinyathelo lokunciphisa intlupheko.

I-National School Nutrition Programme (NSNP) ibonelela abafundi ngokutya okunesondlo yonke imihla kwizikolo eziziiPrayimari, zeMfundo eneeMfuno eziZodwa neZikolo eziziiSekondari ezithagethiweyo. Bonke abafundi bezikolo ezizisekondari zenqanaba 3 lentlupheko bongezwa kule program kwikota yokuqala ngo-2011, ngokwenjenjalo kwandiswa iprogram edibanisa zonke izikolo kumanqanaba 1 - 3 entlupheko. I-NSNP ibonelela ngeemnyu eziphekwayo nezingaphekwayo. Imenyu eziphekwayo ziquka irayisi, umngqusho, i-soya *mince*, intlanzi ye-*pilchards* nemifuno. Ukutya okungaphekwayo kuquka isonka esinepinathibhatha nejem, iziselo ezinesondlo, iziqhamo ezifreshi nemifuno.

Amanani abaxhamlayo ngala alandelayo:

	2009	2010	2011
Abafundi abaxhamla kudidi lwezingabizi zifizi (NQ1-3)	349 373	365 112	368 142
Abafundi abaxhamla kwiprogram yesondlo (<i>nutrition programme</i>) (NQ1-3)	334 287	415 829 1 000 izikolo	426 816 1 020 izikolo
Abafundi abasebenzisa iskim sothutho lwabafundi	47 753	48 786	48 288

Iiprogram yeZikolo eziKhuselekileyo (*Safe Schools Programme*) inesicwangciso esintlantlu-ntathu (*three-pronged strategy*), ekuzezi: iZiko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo (*Safe Schools Call Centre*), apho kunokuxelwa imiba ngemiba emalunga nobundlobongela obuqhubeka ezikolweni; ukunika iingcebiso ngokusebenzisa iZiko leeFoni kwabo bantu baxhelekileyo (*traumatised individuals*) nokhuseleko lwabo ekwenzakalisweni (*physical security*).

IZiko i*Safe Schools Call Centre* lifumana iifoni eziye kufikelela ku-20 000 ngonyaka. Imibuzo emininzi zizicelo zengcaciso emalunga nokuba zingasingathwa njani na izoyikiso ezithile, ingcaciso emalunga neHIV/AIDs, ukukhulelwa kolutsha olusafikisayo okanye iinkqubo zokuziphatha kakubi; eminye imalunga nohlukunyezo (emzimbeni, ngokweemvakalelo, nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi). I-*Safe Schools Call Centre* inika inkxaso ngokuqala ithomalalise umothuko kusetyenziswa ifoni, ize ibagqithisele abo bafuna uncedo kwiingcali ukufumana iingcebiso ngokunzulu, njengoko kuyimfuneko.

Izikolo ezitsha eziyi-50 ngonyaka zifakelwa izixhobo zokuxhasa ukhuseleko. Kubalulekile ukuba izikolo zigcinwe zikhuselekile ngokusetyenziswa kwamanyathelo okhuseleko (*physical safety measures*), ngentsebenziswano neNkonzo yaMapolisa oMzantsi Afrika naweMetro (*South African Police Services and Metro Police*), nokuzibandakanya kwabahlali ekukhuseleni izikolo. Ukongeza apho, iSebe iWCED, ngokubambisana namanye amasebe karhulumente no-SAPS, baya kuqhubeka ngokwenza uhlolo olungacwangciswanga (*random inspections*) nokuvavanyelwa iziyobisi nezixhobo ezikolweni.

Imeko eqhubeka kwiphondo

URhulumente weNtshona Koloni uzibekela iinjongo zoBuchule zePhondo (*Provincial Strategic Objectives (PSO)*) ezili-12. ISebe iWCED lisebe elikhokelayo kwi-*Provincial Strategic Objective 2* yaye liyaxhisa ezinye iinjongo ezilishumi elinanye ngeendlela ngeendlela ngokushiya-shiyana. Ezona njongo kugxininiswa kuzo kwiSebe iWCED ngokumalunga nalo mba, yiprogram eqhutywa emva kweyesikolo ephakathi kwamasebe (*inter-governmental after school programme*), eyaBantwana aBasaqalayo (*Early Childhood*) nayo yonke imiba emalunga nokhuseleko nempilo efana neeprogram zeziyobisi nezinye iiprogram zokunika uncedo kwezentlalo (*social relief programmes*).

Ii-*Provincial Strategic Objectives (PSO)* zimi ngolu hlobo lulandelayo:

- PSO 1: Ukudala amathuba okuhluma koqoqosho nawemisebenzi
- PSO 2: Ukuphucula iziphumo zokufunda kwezeMfundo
- PSO 3: Ukwandisa ukwazi ukufikelela kwiNkqubo yezoThutho ekhuselekileyo nesebenza ngempumelelo
- PSO 4: Ukwandisa iMpilo Qete
- PSO 5: Ukwandisa ukhuseleko
- PSO 6: Ukuphucula iiNdawo zokuHlalisa IBantu ezineenkono ezininzi neziya kuhlala zikho ixesha elide
- PSO 7: Ukwenzisa iinkono eziya kuhlala zikho ixesha elide nangempumelelo kwiindawo zonke PSO 8 & 9: Ukukhuthaza ukuthatha inxaxheba kwezeNtlalo nokunciphisa iNtlupheko
- PSO 10: Ukuhlanganiswa kokwenziwa kweenkono ukuze zibe nelona galelo likhulu
- PSO 11: Ukwandisa amathuba okuhluma koqoqosho nophuhliso lweendawo ezisemaphandleni
- PSO 12: Ukwakha urhulumente wengingqi ongoyena ulawulwa ngokugqwesileyo ehlabathini.

3.2 Imeko engqonge iSebe

ISebe liqhubela phambili ekuphuculeni umoya olawulayo kweli ziko owenza inkonzo ephendula ngokukhawuleza kwiimfuno zoluntu neyenziwa ngempumelelo kunye nokuphucula iinkqubo neendlela zokwenza umsebenzi weSebe. UNdlunkulu nee-ofisi zezithili ezisi-8 (ezi-4 zasemaphandleni nezi-4 zasedolophini) zeSebe iWCED, zenziwe ngohlobo lokuba zinike inkonzo ethi iphendule ngokukhawuleza kwiimfuno zoluntu nenika inkxaso ezikolweni nakootitshala.

ISebe iWCED line-ofisi yomphathiswa wezemfundo, ephethwe nguMphathiswa wezeMfundo eNtshona Koloni, undlunkulu wephondo, ii-ofisi zezithili namaziko emfundo, kubandakanywa izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, izikolo ezineemfuno ezizodwa, iikholeji zeFET, amaziko emfundo abantu abadala namaziko e-ECD.

3.3. Uhlaziyo lweMithetho neZinye iziGunyaziso

a. Izikolo

UMthetho i-*Basic Education Laws Amendment Act, 15 of 2011*, waqalisa ukusebenza nge-19 Septemba 2011. Injongo yalo Mthetho kukusingatha imiba yokusekwa kweSebe leMfundo esiSiseko nemiba enxulumene noko. Ufakela izilungiso kuMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo kaZwelonke (*National Education Policy Act (NEPA)*) nakuMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*South African Schools Act (SASA)*); kuMthetho weNggqesho yooTitshala (uMthetho 76 ka-1998) (*Employment of Educators Act (Act No. 76 of 1998)*); kuMthetho weBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika (uMthetho 31 ka-2000) (*South African Council for Educators Act (Act No. 31 of 2000)*) nakuMthetho i-*General and Further Education and Training Quality Assurance Act (Act No. 58 of 2001)*. Lo Mthetho ngoku ubonelela iintlobo ngeentlobo zezikolo ezineemfuno ezizodwa, imisebenzi eyongezelelweyo yeenqununu zezikolo noqeqesho lwamabhunga olawulo ngumbutho wamabhunga olawulo owaziwayo.

ISebe leMfundo esiSiseko lifakele izilungiso kwi-*National Norms and Standards for School Funding* ukususela nge-1 Apreli 2011. Izilungiso ziphethe umxholo wokubonelelwa ngengxowa-mali yokusetyenziswa (*operational funds*) kwizikolo ezingabizi zifizi (*Paragraph 138A*) kunye nembuyiselo yokuxolelwa ekuhlawulweni iifizi (*compensation for fee exemptions*) kwizikolo ezibiza iifizi (*Paragraph 170A*). Esi silungiso samva sivumela iiMvavanyo ii-*Annual National Assessments* kumaBakala 3 no-6 kwizikolo zikarhulumente, ukuba zisetyenziswe ngengomlinganiselo wokujonga inkqubo yabafundi kwezo zikolo zizimeleyo ezikufaneleyo ukufumana inkxaso-mali, ukususela ngo-2012.

I-*National Norms and Standards for Grade R funding (January 2008)* ibethelela imfuno yokuphuhlisa kwezakhono nokucacisa ngokuthe gca inkqubo-sikhokelo yokwenziwa kweenkonzo izikolo ekufuneka zisebenze yona. ISebe iWCED liqalise ubhaliso lwamaziko asekuhlaleni (*community sites*) njengezikolo ezizimeleyo, ngokwale nkqubo-sikhokelo.

Umgaqo-nkqubo i-*National Policy for an Equitable Provision of an Enabling School Physical Teaching and Learning Environment*, wabhengwa nge-11 Juni 2010 (Vol. 540, (No. *Government Gazette No 33283*)). Okona kongamileyo, injongo yalo mgaqo-nkqubo kukulawula nokulungisa ukubonelelwa kwezikolo ngeziseko zophuhliso nokubonelela ngesikhokelo esijolise ekuboneleleni ngokufanayo ngendawo yokufundisela nokufunda efanelekileyo nekhuthazayo kubo bonke abafundi eMzantsi Afrika. Ukwacacisa iindima ezicace gca nemisebenzi yabo bonke abathathi-nxaxheba yaye ucacisa ukuthwala uxanduva lokuphendula ngokuqhubekayo kwabafanele ukwenjenjalo malunga nokubonelelwa kwezikolo ngeziseko zophuhliso. ISebe iWCED lenze isikhokelo salo ngokumalunga noku.

Ngo-2010/11, kwenziwa iziCwangciso zeZiseko zoPhuhliso (*Infrastructure Plans*) ngokwemimiselo yoMthetho i-*Government Immovable Asset Management Act (GIAMA) (Act No 19 of 2007)*). IsiCwangciso seZiseko zoPhuhliso esasetyenziswa kwixa elingaphambili ngokwemigqaliselo kaNondyebo kaZwelonke indawo yaso ithathwe yi-*User Asset Management Plan (U-AMP)*, njengoko kucacisiwe kwiSebe leMisebenzi yoLuntu kuZwelonke (*National Department of Public Works*).

UMgaqo-nkqubo ongoKuhamba iSikolo kwaBafundi (*Policy on Learner Attendance*) waphunyezwa kuzo zonke izikolo zikarhulumente ngoJanuwari 2011. Injongo yalo mgaqo-nkqubo kukukhuthaza (a) ukuhamba isikolo rhoqo, nokufika ngexesha kwizikolo zikarhulumente, (b) nokunika izikolo namasebe ephondo iinkqubo zokurekhoda ezisemgangathweni, ukulawula nokubeka esweni ukuhamba isikolo kwabafundi.

Inkcazo yeKharityhulam kaZwelonke (*National Curriculum Statement*) iye yacokiswa yaza yahlaziywa yayi-*Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS)*. I-CAPS icacisa ixesha lokufundisa lesifundo ngasinye, ikhontenti, izakhono, nezibonelelo i-*Learning and Teaching Support Materials (LTSM)* eziyimfuneko nomlinganiselo wobungakani bamanqaku ovavanyo (*assessment weightings*) nezo zinto zimiselweyo (*prescriptions*). Okuthandekayo nge-CAPS kukuba inazo zonke iifundo ezingummiselo kuxwebhu olunye. I-CAPS iya kuphunyezwa kwiSigaba seSiseko nakwiBakala 10 ngo-2012, kwiSigaba esiPhakathi nakwiBakala 11 ngo-2013, nakwiSigaba esiPhezulu nakwiBakala 12 ngo-2014.

Nge-1 ka-Apreli 2010, kwaqala ukusebenza ezinye izilungiso ezenziwe kwi-*Children's Act (Act No. 38 of 2005)*. NgokweSiqu 196 (3) se-*Children's Act, 2005 (Act 38 of 2005)*, ezo zikolo zorhwebo nezo zokulungisa izimilo (*schools of industry and reform schools*), eziluxanduva lweSebe leMfundo lephondo njengangoku, ziba luxanduva lweSebe loPhuhliso lwezeNtlalo (*Department of Social Development*), kwiminyaka emibini siqalile ukusebenza isahluko esichaphazelekayo kulo Mthetho. Oku kuthetha ukuba izikolo zorhwebo nezo zokulungisa izimilo eMzantsi Afrika kufuneka zitshintshelwe kwiSebe loPhuhliso lwezeNtlalo ngethuba kuphela uMatshi 2012.

b. IiKholeji zeFET

Kwasekwa iSebe i-*Department of Higher Education and Training (DHET)* ngoMeyi 2009 ngenjongo yokuba liya kuba lilo ekugqibeleni eliya kwenza umsebenzi kumaziko emfundo ephakamileyo, kwiikholeji zeFET, kwiiSETAs nakwi-AET. Ngokusekwa kwe-DHET, iikholeji zeFET namaziko emfundo noqeqesho lwabadala, ziza kuba phantsi kukazwelonke. I-DHET namasebe emfundo amaphondo zisayine imvumelwano i-*protocol of agreement* engokutshintshwa kwezi kholeji nokuphathwa nokulawulwa kwazo okwethutyana.

I-drafti ye-*Constitutional Amendment* yokutshintsha iikholeji zeFET ekubeni zezamaphondo ukuba zibe phantsi kukazwelonke yabengezwa ekuqaleni kukaSeptemba 2011. I-DHET icele amaphondo ukuba enze iikomiti zephondo ii-*provincial technical task teams*, zokulawula ukutshintshelwa kwemisebenzi ibe phantsi kozwelonke.

UMthetho oYilwayo i-*Higher Education and Training Laws Amendment Bill*, wapapashwa nge-7 Disemba 2010. Ujolise ekufakeleni izilungiso kuMthetho i-*FET Colleges Act* ka-2006 ne-*Adult Basic Education and Training Act*, 2000, ukwenzela: ukufakela izilungiso kwiingcaciso-magama ezithile; ukulungiselela ukuqeshwa kootitshala kumaziko oluntu ngokufakela imigaqo malunga nabaqeshi bootitshala, imivuzo neminye imiba yemeko yezengqesho zootitshala (*other conditions of service of educators*), amanani ezithuba ezabelwe ootitshala, amagunya abaqeshi, ukuqeshwa nokuzaliswa kwezithuba zengqesho, ukutshintshwa kootitshala basiwe kwamanye amaziko (*the transfer of educators*), ukusekondwa kootitshala, ukuthatha umhlalaphantsi kootitshala, ukugxothwa enkonzweni kootitshala, ukungakwazi ukusebenza (*incapacity*) nokuziphatha kakubi (*misconduct*) kootitshala nokwenza eminye imisebenzi; ukubonelela ngamalungiselelo ethutyana (*transitional arrangements*) ngokumalunga namaziko oluntu; ukwenza amalungiselelo okumiselwa komgaqo-nkqubo wezemfundo kazwelonke wamaziko karhulumente, wokubonelela ngemigaqo eyimiyalelo yomgaqo-nkqubo wezemfundo kazwelonke, wokulungiselela uthetha-thethwano ngomgaqo-nkqubo nemithetho, wokulungiselela upapasho lomgaqo-nkqubo wemfundo kazwelonke nokulungiselela ukubeka esweni nokuvavanywa kwemfundo noqeqesho lwabadala; nokubonelela ngokumiselwa kwemigangatho ngokumalunga namabanga emfundo abonelelwa ngamaziko karhulumente nawabucala.

UMthetho oYilwayo i-*Further Education and Training Colleges Amendment Bill*, 2011 (Gazette No. 34222) wandlalwa nge-27 Julayi 2011 njengesiqendu se-76 somthetho oyilwayo. Uza kwandlalwa njengangoku kwiNdlu yoWiso-mithetho (*National Assembly*) ukwenzela ukuba kugqitywe ngawo yaye emva koko uya kuthunyelwa kuMongameli ukuba awuvume awusayine. Eyona njongo yongamileyo kukufakela izilungiso kwi-*FET Colleges Act of 2006*, ukwenzela “ukususa konke okubhekiselele kumagunya ephondo; ukutshitshanisa imisebenzi eyayabelwe iLungu leSigqeba soLawulo (*Member of the Executive Council*) ibe yeyoMphathiswa; ukususa konke okumalunga neNtloko yeSebe kuze kufakwe endaweni yako uMlawuli-Jikelele; ukulungiselela ukuthintelwa kwelungu leBhunga okanye ilungu elingumsebenzi ekubeni lenze imicimbi ngokucacileyo okanye ngandlela yimbi neeFETC ezichaphazelekayo, micimbi leyo engqubana neemfuno zeFETC karhulumente echaphazelekayo; ukwenza amalungiselelo ethutyana (*transitional arrangements*) ngokumalunga nezithuba zenkonzo karhulumente nezithuba zootitshala, abasebenzi, amanyathelo oluleko; kunye nomgaqo-nkqubo owenziwe iLungu leSigqeba soLawulo phantsi koMthetho oyintloko okanye nawuphi na umthetho wephondo, oyimfuneko wokulungiselela ukuphathwa nokulawulwa ngandlela eyiyo kweengxowa-mali zeeFETC zikarhulumente”.

Ekuqaleni kuka-2011, iikholeji zeFET zagunyaziswa ukuba ziqalise kwakhona i-*Report 191 Programmes* zobunjinieli ezimalunga nee-*trades at levels N1-N3* nokuqalisa kwakhona zonke ii-*Report 191 Programmes kwi-levels N4-N6*. Ngenxa yoko, amanani obhaliso kwezi program abonisa ukwanda.

Imimiselo i-*Norms and Standards for the funding of FET Colleges* yaphunyezwa ukususela nge-1 Apreli 2010. Imimiselo nemigangatho isekelwe kwinkcitho yokubonelela ngee-*National Certificate: Vocational Programmes*. Iformula yeengxowa-mali inamacandelo amathathu angala: *personnel, capital ne-non-personnel/non-capital*. Ukuhlawulwa kweemali kwiikholeji zeFET kwenzeka ngandlela yee-granti eziphuma phantsi kwemiqathango ethile, ngeentlawulo zemali zaqho ngenyanga.

4. Amaphulo ongenelelo ngoncedo neeprogram ezicwangcisiweyo

4.1. IiPrayorithi zeBhajethi zamaCandelo

Iincwadi zomsebenzi zikazwelonke

Kubhalwe into eninzi ngeengxaki zokuba singamiselwa njani na isantya sokufundisa ngeprogram yokufunda yonyaka kunye nokungakwazi ukufikelela ngokwaneleyo kwizibonelelo zezemfundo ezifanelekileyo (*appropriate educational materials*) ezikolweni yaye lo mba ube ngowona uphambili ekuqwalaselweni kwakhona kwekharithulam (*review of the curriculum*) ngo-2009. Ukuphendula lo mngeni, kwenziwe kwaza kwaveliswa iincwadi zomsebenzi zikazwelonke. Ngo-2010, kwathunyelwa lisebe likazwelonke iipasela zezibonelelo zeBakala R kwizikolo zikarhulumente ezifundisa eli bakala, njengenxalenye yeprogram eya kujongana nokusiwa qho ngonyaka kwezi zibonelelo ezikolweni. Iipasela yezibonelelo inencwadi yomsebenzi yomfundi ngamnye (enendidi zezifundo) nezibonelelo ezifana neetshathi neencwadi zamabali ukulungiselela ootitshala. Ngo-2011, kwaqaliswa iincwadi zomsebenzi zamaBakala 1 - 6 kwizifundo zeelwimi nakwimathematika. Ngo-2012, iincwadi zomsebenzi ziya kufumaneka kumaBakala 7 - 9 nezo nguqulelo zihlaziyiweyo zeencwadi zomsebenzi zamaBakala 1 - 6, ziya kusiwa kulandelwa inkqubo yohlaziyo ebandakanya ukujongwa ngeliso elibukhali kweekhomenti ezimalunga nama-4 000 ngeencwadi zomsebenzi zango-2011.

Iphulo leencwadi zomsebenzi liphulo longenelelo ngoncedo ekulindeleke ukuba libe ligalelo elikhulu ekufundeni nasekufundiseni eziklasini. Kuya kuqhutywa uphando ngokusetyenziswa kweencwadi zomsebenzi ezikolweni kuze kuvavanywe negalelo lazo kwimfundo esemgangathweni.

liNkcazo zoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS)*)

Ukwenzela ukusingatha imiba exhalabisayo ephakanyisiweyo, umzekelo, ukuqwalaselwa kokuphunyezwa kwekharityhulam ngo-2009, kwenziwa amaxwebhu amatsha ekharityhulam ye-CAPS, yamaBakala R - 12, ukucacisa ikhontenti emayifundiswe nokuba kwenziwe njani na ukucwangcisa ukufundisa, ukufundisa kanye kunye novavanyo. Kubalulekile ukugxininisa ukuba iCAPS ayimele ikharityhulam entsha, koko iyingcaciso yekhontenti eneenkcukacha ezibanzi, isantya sokufundisa nolandelelwano ngokungqinelana ne-NCS. I-CAPS iqaliswa ngezigaba ngezigaba kwithuba elisusela ku-2012 ukuya ku-2014. Iinguqu eziphambili ezibangelwe yi-CAPS zezokuba kufuneka kuphungulwe umthwalo wemisebenzi yezolawulo kootitshala, iinkcazo ecece gca yekhontenti yezifundo neendlela ezithe nkqi zokufundisa nezovavanyo (*strong teaching and assessment methods*). Ezi ziinguqu ezibalulekileyo yaye okulindelekileyo kukuba ziya kukulungiselela bhetele ukufundisa nokufunda zize ngaloo ndlela zenze bhetele ngakumbi iziphumo zokufunda. Ngo-2012, iinguqu kwiikharityhulam ziya kuqaliswa kwiBakala R - 3 neBakala 10.

Iiphakeji zoqeqesho zigxininisa ukubaluleka kokuqalisa iCAPS, iincwadi zomsebenzi ezintsha zikazwelonke ne-ANA njengephakeji ephelileyo ehlanganisa izinto ezininzi enenjongo yokuphucula iziphumo. Amasebe amaphondo athatha isigqibo sokuqinisekisa ukuba ootitshala bamaBakala R - 3 baya kufumana uqeqesho. Umngeni kule minyaka izayo uya kuba kukunika inkxaso ootitshala yaye okona kubalulekileyo kokuqinisekisa ukuba imiyalezo engekharityhulam ihlala icace gca ukwenzela ukuba zithintelwe iingxaki zethuba eligqithileyo ezifana nemiyalelo 'omnye emva komnye' nemininzi nedla ngokuphikisana.

Iimvavanyo ii-Annual National Assessments (ANA)

Ngo-2011 kuphunyezwe ngokupheleleyo inkqubo yovavanyo kazwelonke yokuqala kwizikolo ezikwinqanaba leprayimari eMzantsi Afrika. Lo gama iimvavanyo kuzwelonke ii-'universal ANA' zibandakanye ukuvavanywa kwabo bonke abafundi beBakala 1 - 6 kwiilwimi nemathematika, apho ukumakisha kuyekwe ezandleni zootitshala ubukhulu becala, iimvavanyo zokungqinisisa ze-ANA (*verification ANA*) zibandakanya ukuthathwa kwamaphepha eempendulo kubafundi abayi-19 000 nokumakishwa kwawo ngokuzimeleyo. Ingxelo ye-ANA yeSebe iDBE yakuvuma ukuba kukho iqela leengxaki kwinkqubo yango-2011 neyathi ayalisa so inqanaba lokubekwa kumgangatho ofanayo kweziphumo (*degree of standardisation of results*). Ezi zingxaki kuhlangatyezwana nazo kumalungiselelo e-ANA 2012, neziya kuqhutywa ngo-Septemba 2012. Kukho imfuno, ngakumbi, yokuguzula izinto ezingafunekiyo kumalungiselelo okwenziwa komsebenzi nokuqokelelwa kwedatha kwi-universal ANA nokuqinisekisa ukuba ukungqinisiwa kweenkqubo ze-ANA kuneziphumo ezinako ukuthelekiseka ngokwenene kwizikolo nakumaphondo ngokubanzi. ISebe iDBE njengangoku, licazulula idatha ye-ANA yango-2011 (*universal and verification*) ukwenzela ukuba kwenziwe iintlobo ngeentlobo zeengxelo ezinengcaciso ekususelwa kuyo ukwenza uphuhliso lootitshala, ulawulo lwesikolo namanyathelo ezithili. Umzekelo, isikhokelo sokuba ootitshala bafanele ukuziqaphela baze bahlangabezane nazo njani na iingxaki zokufunda ezikhankanywe kwiziphumo zeemvavanyo ze-ANA, siya kufumaneka ekuqaleni konyaka wesikolo ka-2012.

Uphuhliso lweziseko zophuhliso

Ngonyaka-mali ka-2011/12 kubekho utshintsho kwindlela oluqhubeka ngayo uphuhliso lweziseko zophuhliso ezizizakhiwo zezikolo kwinkqubo yesikolo. Okokuqala, isixa esikhulu senkcitho yeziseko zophuhliso ezikolweni sifakwe phantsi kweSebe leMfundo esiSiseko, laza eli sebe lathatha imisebenzi yokucwangcisa neyokubeka esweni emitsha. IGranti yeZiseko zoPhuhliso kumaPhondo (*Infrastructure Grant to Provinces*), ngokungakumbi, eyabelwa ibhajethi nguNondyebo kaZwelonke, yafikelela esiphelweni ngo-2010/11 yaza indawo yayo yathathwa yi-Education Infrastructure Grant, ebhajethelwe yi-DBE nefikelela kwisixa senqanaba likazwelonke esizibhiliyoni eziyi-R5,5bn ngo-2011/12 (eya kunyuka ibe yi-R6,2bn ngo-2013/14), eqale ngo-2011/12. I-Education Infrastructure Grant inika ingxelo ngosetyenziso lwemali kangange-71% yayo yonke inkcitho yeziseko zophuhliso zawo onke amasebe ezemfundo amaphondo ngo-2011/12.

4.2. Izicwangciso zamaPhondo

ISebe iWCED liya kuqhubeka ukomeleza nokuzinzisa amaphulo aphambili aqatshelwe kwi-*Strategic Plan* (2010-2014) ne-*Provincial Strategic Objective*, ukuya kufika ku-2019. Ezi zicwangciso, ziya kuqinisekisa ukuba siphunyeziwe isiCwangciso sikazwelonke i-*national Action Plan* esiya kutsho ku-2025.

liTeksti, kubandakanywa neencwadi zomsebenzi zikazwelonke

Ngo-2012, bonke abafundi bamaBakala 4 - 9 baya kunikwa iincwadi zomsebenzi kwizifundo zonke ezine kwiSigaba seSiseko nakwiMathematika neeLwimi. Ukusetyenziswa kweencwadi zomsebenzi kuya kuxhaswa ngamagosa eSebe iWCED yaye kubekwe esweni ngamagosa kuze kulandelelwe kwizicwangciso zokuphuculo lwesikolo.

Injongo yeSebe iWCED kukubonelela ngenani elikhulu leencwadi ukuxhasa ukufundisa nokufunda okusemgangathweni. Iimali eziphawulelwe le njongo zibekelwe bucala ukulungiselela oku, ukongeza kwimali ezabiwa ngokwemimiselo nemigangatho minyaka le.

Ngo-2012 iincwadi ezongezelelweyo ezithengwe liSebe iWCED, ziincwadi zezifundo zeMathematika kubo bonke abafundi beBakala 1 neencwadi zokufunda kwiklasi yebakala 1 ukuya kwibakala 3, ezinikwa umfundi ngamnye phambi kokuqala konyaka wokufunda ngo-2012. Ngo-2012 umfundi ngamnye weBakala 10 uya kufumana iincwadi ezimbini zoncwadi kulwimi lwasekhaya neencwadi zezifundo ezisixhenxe, ibenye kwisifundo ngasinye.

ISebe iWCED liya kubonelela ngezibonelelo zokufundisa ngo-2012 kootitshala nakubafundi ukunika inkxaso iprogram yoqeqesho kulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala yeminyaka eyi-8. Esi sibonelelo sibandakanya iincwadi zokufunda zamabakala 1 - 3 neencwadi zokufunda zamabakala 4 - 6 kwakunye neencwadi zesifundo seMathematika nezinye izibonelelo kwizikolo eziyi-258 eziyinxalenye yeprogram ka-2011/2012 yolwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala kwizikolo eziziiprayimari.

Isikhokelo semimiselo nemigangatho yeSebe iWCED sicebisa ukuba ngaphezu kwe-50% yesabelo sisonke sezibonelelo kufanele sibekelwe ukuthenga i-LTSM, ize i-10% yayo igcinelwe izibonelelo zaselayibrari. Isikhokelo sikwacacisa nokuba umfundi ngamnye makabe nencwadi yesifundo ngasinye nokuba istokhwe seencwadi nezibonelelo zelayibrari kufanele sandiswe qho ngonyaka de inani lilonke leencwadi libonise umgangatho wamazwe ngamazwe ongowona usezantsi (*minimum international standard*) eziyi-10 ngomfundi ngamnye.

Iprogram ixhaswa ngumgaqo-nkqubo wokugcinwa kweencwadi ixesha elide (*book retention policy*) owaqaliswa ngoNovemba 2010 ukuqinisekisa ukuba abafundi bayazibuyisa iincwadi zabo ekupheleni konyaka wokufunda ukuze iincwadi ziphinde zisetyenziswe kwakhona qho ngonyaka.

Amanyathelo okomeleza ikharithulam ukuxhasa i-*Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS)*

Kulo nyaka wokuqala kwe-CAPS kumaBakala 1 - 3 nakwiBakala 10 amagosa aya kugxininisa ekuqinisekiseni ukuba ootitshala bayayazi yonke imiba yokufundiswa kwekharithulam ehlaziyiweyo. Oku kubandakanya ukugxininisa kwikhontenti, ukumisela isantya sokufundisa, ukuhlangabezana nemigangatho eyimfuneko novavanyo. Ziza kwanda iiyure zokufundisa kwikharithulam ehlenga-hlengisiweyo. Ukongeza apho, isantya sokufundisa nekhontenti yeprogram yokufundisa zicaciswa gca ngeenkukacha ezibanzi kwiincwadi zomsebenzi. Ukugxininisa okukodwa kuya kuba kubafundi ekufuneka babhale iziqwengana ezide zemisebenzi.

Ngo-2012, iSebe iWCED liya kuqeqesha ootitshala kwiSigaba esiPhakathi nakwiBakala 11, ukulungiselela ukuqalisa kweCAPS ngo-2013. Oku kuya kuba luhlobo lweeprogram zoqeqesho zeentsuku ezi-3 ngeeholide kubo bonke ootitshala abachaphazelekayo. Ootitshala beBakala 11 baya kuba neprogram yokuqhelwanisa (*orientation*) ukongezelela ngoLwesihlanu nangoMgqibelo.

Zonke iikhosi neeprogram zenkxaso, umzekelo ezo ziqhutywa e-Cape Teaching and Learning Institute, ziya kusebenzisa iprogram yeCAPS. Uqeqesho lo gama usenkonzweni nophuhliso lootitshala luya kubonelelwa e-CTLI nakwiyunivesity ezine ezigxininisa kwiilwimi nakwi-Mathematics ne-Sciences. Ilibhasari zootitshala abasenkonzweni ziya kuphinde zinikwe ootitshala ukuphucula amabanga emfundo kwiinkalo ngeenkalo.

ISebe iWCED liqalise uqeqesho lweminyaka eyi-8 nesicwangciso senkxaso ukuxhasa uphuhliso loLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala, nolusisiseko kwi-CAPS. Le program, ibonelelwa ngababoneleli-nkonzo abaziingcali kootitshala abafundisa kumaBakala 1 – 6 yaqala ngo-2009.

Ngonyaka 1 (2009): izikolo eziyi-250 zokuqaqala	IQela1 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuBala ngeholide kaJuni IQela 2 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuFunda nokuBhala ngeholide kaJuni Inkxaso eyenzelwa ezikolweni (izikolo eziyi-250) lincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-250)
Ngonyaka 2 (2010): izikolo eziyi-250 kunyaka wesibini woqeqesho	IQela 1 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuFunda nokuBhala ngeholide kaJuni IQela2 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuBala ngeholide kaJuni Inkxaso eyenzelwa ezikolweni (izikolo eziyi-250) lincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-250)
Ngonyaka 3 (2011): izikolo eziyi-250 zesibini	IQela 3 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuBala ngeholide kaJuni IQela 4 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuFunda nokuBhala ngeholide kaJuni Inkxaso eyenzelwa ezikolweni (izikolo eziyi-250) lincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-250)
Ngonyaka 4 (2012): izikolo eziyi-250 kunyaka wesibini woqeqesho	IQela 3 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuFunda nokuBhala ngeholide kaJuni IQela 4 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwazi lokuBala ngeholide kaJuni Inkxaso eyenzelwa ezikolweni (izikolo eziyi-250) lincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-250)
Le ndlela yokwenza iya kuphindwa iminyaka emi-5 ukuya kwesi-8, o.k.t. phakathi ko-2013 no-2016, ukwenzela ukuba zonke izikolo zepayimari ziqeqeshwe yaye zinikwe inkxaso kwizikim zokufunda nezibonelelo zokufunda kwithuba leminyaka esi-8.	

Ngo-2012, iSebe iWCED liya kukhuthaza ukuthatha inxaxheba kwabahlali ekuphuculeni iziphumo zokufunda. Umbuzo ongundoqo uya kuba ngulo “Ngaba umntwana wakho ukhe wafunda, wabhala waza waprekhtiza i-maths namhlanje?” ISebe iWCED likwahambise iincwadana eziyi-100 000 zabazali babafundi beBakala 1 nezicacisa ukuba ungamxhasa njani na umntwana wakho kunyaka wakhe wokuqala esikolweni.

Njengexalenye yenkxaso yeCAPS, isiCwangciso i *Strategy for Mathematics and Physical Sciences for Grades 8 – 12*, siya kuqalisa ukusebenza ngo-2012. Iinjongo zaso zezi: ukwandisa iireyithi zothatho-nxaxheba kwi-*Mathematics ne-Physical Sciences* kumaBakala 10 -12; ukwandisa amanani abo bapasa i-*Mathematics ne-Physical Sciences* kwiBakala 12 nokuphucula umgangatho wabapasileyo kwiBakala 12, nokuphucula umgangatho ngokwamanqaku e-avareji aphuculweyo kunye/okanye amanani abafundi abafumene iisimboli *A, B no-C*. Esi sicwangciso siya kugxininisa kwinkxaso yezikolo ngokwahlukeneyo; kuqeqesho lootitshala, inkxaso kubafundi; iincwadi zezifundo, izixhobo nokubeka esweni novavanyo.

IProgram yokuPhucula iZikolo eziPhakamileyo yeSebe i *WCED (WCED High School Improvement Programme)* ijolise ekwandiseni amanani abafundi abapasa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nokunciphisa inani lezikolo ezingaqhubi kakuhle. Le program inenkqubo ngokwahlukeneyo yezikolo eziphakamileyo kwiphondo, nenkxaso eqala kwelona nqanaba lisezantsi ukuya kwelona nqanaba eliphezulu, yaye kugxininiswa kwisikolo siphela kwezo zikolo zipaselwe ngabafundi abangaphantsi ko-60% kunyaka odlulileyo. Kucacile ukuba iprogram egxininisa kuphela kwiBakala 12 okanye kumaBakala 10-12 ayanelanga ukuba ijongane nemiba yokuqhuba kakubi kwabafundi. Ngenxa yeso sizathu, iprogram ka-2012 ibandakanya onke amabakala ezikolo eziphakamileyo, kugxininiswa ngakumbi kumaBakala 8 no-9 kwimiba efana nokukhetha izifundo, imfuno yokuya esikolweni rhoqo nokugqiba zonke ii-asayinimenti kumaBakala 10-12 ngeendlela zokufunda nokufikelela kuyo yonke ikharithyulam.

Ugxininiso lolawulo oluphambili ngo-2012 luya kuba sekwandiseni kangangoko ixesha lokufundisa nokufunda. Oku kubandakanya ukusetyenziswa ngokuyimpumelelo kwazo zonke iiyure zokufundisa ngosuku nokunciphisa ubungakanani bexesha elichithwa kwiimvavanyo nakwiimviwo.

Ngo-2012, i *High School Programme* iya kwakhela kucazululo lweenkcukacha zeziphumo zeBakala 12 ngesikolo ngasinye; ukwenziwa nokuphunyezwa kwesicwangciso malunga neziphumo zango-2011, kubandakanywa nokuqaphela izifundo ezizodwa ezinereyithi ephakamileyo yokungaphumeleli, ukubekwa nokucaciswa kweethagethi ngokwahlukeneyo zeemviwo zeNSC ezizayo. Izithili ziya kuqalisa iprogram yokufundisa ngesifundo ngasinye esinamanani aphezulu. Umfundi ngamnye uya kunikwa ipasela yamaphepha eemviwo ezidlulileyo. Incwadana i-*“Tips for Success in NSC”* yanikwa umfundi ngamnye ekuqaleni kuka-2012 yaye iincwadana ezifana nezi ziya kunikwa abafundi beBakala 9 kwikota yesibini kulo nyaka wezifundo nabafundi bamaBakala 8 no-12 ngoJanuwari 2013.

Iiklasi ezongezelelweyo ziya kwenziwa emva kwemini / ngeempelaveki / ngeeholide apho abacebisi ngezekharityulam baya kunika inkxaso ejolise kanye kwizifundo ezithile, kubandakanywa neentlanganiso zezikolo ezisebenzisanayo, iinkqubo zokumisela umgangatho neeprogram zerediyo. Iprogram i *Telematics programme* iya kusasazwa ngqo yaye kufundiswe kuyo izifundo ezinamanani obhaliso aphezulu kwizikolo ezikhethiweyo.

Izikolo ezizimeleyo ezikhethiweyo nezikolo zikarhulumente ziya kutyelelwa oko kusenziwa okokoko ukunceda ootitshala ekusetheni imisebenzi yeprekhtikhali yomgangatho owamkelekileyo nemisebenzi yovavanyo ii-*School Based Assessment tasks* zabafundi kumaBakala 8 ukuya ku-12.

IiMvavanyo ii-Annual National Assessment neemvavanyo zeWCED

Ngo-2011 iSebe i *WCED*, lavavanya bonke abafundi kwiBakala 3, 6 no-9 ukujonga ubunjani bemeko yokufunda ulwimi nemathematika kwisikolo ngasinye.

Iziphumo zeemvavanyo zango-2011 zakhutshwa ngo-Januwari 2012 zacwangciswa ngokwesikolo ngasinye nangotitshala ngamnye, yaye zanika iinkcukacha ngokuphumelela kwinto nganyo yovavanyo. Ezi ziphumo ziya kusetyenziselwa ukwenza izicwangciso zokuphucula nokumisela iithagethi ezinokufikelelwa zexesha elizayo. Ngo-2012 iprogram yovavanyo iya kuqhubeka ngo-Oktobha yaye iziphumo ziya kukhutshwa ngoJanuwari 2013.

li-Annual National Assessments ukususela kumaBakala 1 - 9 ziya kuqutywa kwikota yesithathu ngo-2012 njengexalenye yomsebenzi oqhubeka okokoko wokuvelisa inkqubo ukwenzela ukuba kuphuculwe indlela abafundi abaqhuba ngayo. Ngo-2011, nangona iziphumo zayibonisa iNtshona Koloni njengelona phondo liqhuba kakuhle, amanqaku ayi-AVAREJI asabonisa ukuba ininzi kakhulu into esafuna ukwenziwa ukuphucula lo mgangatho ngolu hlobo lulandelayo:

IBakala	Ulwazi lokuFunda nokuBhala /Ulwimi		Ulwazi lokuBala/iMathematika	
	WC	KuZwelonke	WC	KuZwelonke
1	67.3	59.4	66.2	63
2	55.6	51.6	58.3	54.7
3	46.7	42	36.4	32.7
4	42.9	33.5	35.2	28.4
5	39.9	28.6	35.1	28.3
6	42.5	33.1	39.2	31.1

Ezi ziphumo kwiimvavanyo zika-2012, kunye neprogram yovavanyo yephondo, ziya kunceda ekufumaniseni iingxaki nasekulandeleleni inkqubela kwiiLwimi nakwiMathematika ezikolweni. Iprogram yovavanyo yomeleza ugxininiso ekubeni kuphendulwe ngokuqhubekayo kwakunyue nemfundo yokufundisa okusemgangathweni ukulungiselela ukufunda okusemgangathweni.

Iziseko zophuhliso

Isicwangciso seziseko zophuhliso seSebe iWCED kwi-Medium Term Expenditure Framework (MTEF) ukususela ngo-2010 – 2013 saqwalasela ezi nkalo ziziprayorithi zophuhliso zilandelayo:

- Ukusetyenziswa kweeklasi ezingasetyenziswa ngokupheleleyo kwizikolo ezikhoyo
- Ukwakha iiklasi ezintsha kwizikolo ezikhoyo ukuphelisa ingxinano
- Ukwakha izikolo ezintsha, kubandakanywa nezikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa, ukuphelisa uxinzelelo kwindawo yokufundela
- Ukutshintsha izikolo ezikhoyo okanye iiklasi ezazakhiwe ngezinto zokwakha ezingekho mgangathweni
- Ulondolozo nolungiso
- Ukubonelela ngeeklasi zeBakala R
- Ukusetyenziswa ngokupheleleyo kweehostele
- Ukuphononongwa kwakhona kokuqeshisa ngezakhiwo zesikolo

Ukongeza koku kungentla, ukwakhiwa nokusetyenziswa kweeklasi ezingoomahamba nendlwana kuhleli kuyimfuneko ukulungiselela ukubonelela ngendawo yokufundela kwiimeko zeemfundo ezingxamisekileyo nebezingalungiselelwanga.

Iprojekthi ebalulekileyo kukutshintsha izikolo eziyi-25 ezakhiwe ngezinto zokwakha ezingekho mgangathweni zibe zeze-MTEF. Ekupheleni kuka-2011, izikolo eziyi-14 besele zisakhiwa, eziyi-8 zisaplanwa lo gama eziyi-11 zifakwe kwisicwangciso. Iphulo elitsha libe yiprogram yokwandisa iiklasi apho iklasi ezongezelelweyo (*additional classroom wings*) zakhelwe ukwandisa izikolo ezikufunayo oko neziqhuba ngempumelelo ukwenzela ukuba kubhaliswe abafundi abangaphezulu ngendlela eyonga iindleko. Iprogram yokwandisa izikolo iya kuqhubeka ukuncedisana neprogram yokulungisa le meko apho iiklasi kwisigaba sesiseko zithi zakhiwe kwizikolo ezinengxaki yendawo yokufundela ngenxa yengxinano.

Ukwenzela ukuba kuhlaziyiwe idatha exhasa izicwangciso nezigqibo zemigaqo-nkqubo eziphambili, iSebe iWCED latyumba umboneleli-nkonzo ukuba aqokelele idatha kwiziko ledatha i-National Education Infrastructure Management System (NEIMS). Oku kuya kunika inkxaso izicwangciso zophuhliso zexesha elizayo. Ukuthathela ingqalelo ukungasetyenziswa ngokupheleleyo kweeklasi kwizikolo ezikhoyo, ukusetyenziswa ngokupheleleyo kweehostele nokunciphisa ingxinano ezikolweni yimiba ebalulekileyo neqamele kuqulunqo lwemigaqo-nkqubo engundoqo. Ngenxa yoku, iSebe iWCED liqalise iprogram elingwayo yokuvavanya isikhokelo sokucwangcisa esitsha sokubonelelwa kweziseko zophuhliso. Ukuhlaziyiwa kweengqeshiso –mihlaba yinkqubo eqhubekekayo.

Iiprojekthi ezizii-Capital Projects:

	IZikolo ezitsha	Inkqubela/likhomenti
1	Wellington Primary	Ucwangciso lwaphambi kwenkqubo yeziniki-maxabiso. Silindele ukugqitywa ngoMatshi -2013.
2	Sunningdale Primary	<i>Sisekwisigaba soKwakhwiwa</i> . Silindele ukugqitywa ngo-Meyi 2012.
3	Concordia Primary	Ucwangciso lwaphambi kwenkqubo yeziniki-maxabiso. Silindelwe ukugqitywa ngoDisemba 2012.
4	Concordia Secondary	Ucwangciso lwaphambi kwenkqubo yeziniki-maxabiso. Silindelwe ukugqitywa ngoDisemba 2012.
	IZikolo ezitshintshwayo	Inkqubela/likhomenti
5	ACJ Phakade Primary	<i>SikwiSigaba soKwakhwiwa</i> . Silindele ukugqitywa ngoFebruwari 2013.
6	Bottelary Primary	<i>SikwiSigaba soKwakhwiwa</i> . Silindelwe ukugqitywa ngoDisemba 2012.
7	Entshona Primary	<i>SikwiSigaba soKwakhwiwa</i> . Silindele ukugqitywa ngo-Julayi 2012.
8	Fairview Primary	<i>SikwiSigaba soKwakhwiwa</i> . Silindele ukugqitywa ngo-Julayi 2012.
9	New Eisleben Secondary	<i>SikwiSigaba soKwakhwiwa</i> . Silindele ukugqitywa ngo-Julayi 2012.
10	Plantation Primary	<i>SikwiSigaba soKwakhwiwa</i> . Silindele ukugqitywa ngo-Juni 2012.
11	West-Eind Primary	Ukucwangciswa kuqalisile. Ukwakhwiwa kuqala ngoMatshi 2012.
12	Formosa Primary	Ukucwangciswa kuqalisile. Umhla wokuqalisa ukwakhwiwa -Februwari 2012.
13	Garden Village Primary	Ukucwangciswa kuqalisile. Umhla wokuqalisa ukwakhwiwa -Matshi 2012.
14	Itsitsa Primary	Ukucwangciswa kuqalisile. Umhla wokuqalisa ukwakhwiwa –Januwari 2012.
15	Kathleen Murray Primary	Ukucwangciswa kuqalisile. Umhla wokuqalisa ukwakhwiwa -Matshi 2012.
16	St Thomas Primary	Ukucwangciswa kuqalisile. Umhla wokuqalisa ukwakhwiwa -Matshi 2012.
17	Touwsrante Primary	Ukucwangciswa kuqalisile. Umhla wokuqalisa ukwakhwiwa –Meyi 2012.
	Ezihlaziwayo nezongezwayo	Inkqubela/likhomenti
18	Bloekombos Primary	<i>SikwiSigaba soKwakhwiwa</i> . Silindele ukugqitywa ngo-Matshi 2013.
19	Karitas LSEN School	<i>SikwiSigaba soKwakhwiwa</i> . Silindele ukugqitywa ngo-Matshi 2013.
20	Stawelklip Primary	<i>SikwiSigaba soKwakhwiwa</i> . Silindele ukugqitywa ngo-Matshi 2013.

Isikolo esaxhaswa ngemali ngumxhasi eHout Bay savula amasango aso ngoJanuwari 2012 kumaBakala R -2 sinabafundi ababhalisileyo abayi-270. Ukususela kunyaka ozayo, isikolo siya kuqalisa iBakala 3 siye sikhula de siye kufikelela kwiBakala 7.

Iiklasi eziyi-50 zeBakala R ziya kwakhiwa ngo-2012/13.

ISebe iWCED liza kuthagetha iprogram eyandisiweyo yolondolozo lwezakhiwo ukwenzela ukuba kubekho indawo ekhuthaza ukufunda. Kuphononongwa ukudityaniswa kweeprogram zolondolozo.

linkqubo neenkxaso kwiziphumo zokufunda eziphuculweyo

ISebe iWCED liyaqhubeka nokuphonononga iinkqubo zesitraktsha seziko nezoshishino ezigqibeleleyo (*optimum structure and business processes*) ukwenza iinkonzo ezikolweni. UNdlunkulu weSebe iWCED liye lahlengahlengiswa ukwenzela ukuba lenze iinkonzo ezilungiselelwe iimeko zeziko. ISebe iWCED lenza uphando lokujonga ukuba alingebi nezithili ezisi-7 endaweni yezisi-8 kodwa kuye kwagqitywa ekubeni izithili ezisi-8 ziya kwenza kube lula ukwenziwa kweenkonzo ezikolweni. Ukugqitywa kwale miba kuya kukhokelela ekuzalisweni kwezithuba zengqesho ezingenabantu ngezigaba ngezigaba ngo-2012. Iiprogram zokuqhelaniswa nesikhundla esitsha eziqhubekayo ziya kunika inkxaso abaqeshwa abatsha.

Izintlu zezithuba zootitshala ezintlanu zicwangciselwe u-2012. Izithuba zeenqununu ziya kupapashwa kuluhlu ngalunye lwezithuba zengqesho xa kukho imfuneko yoko. Ukwenzela ukwandisa uzinzo kulawulo ezikolweni, iinkqubo yokugqibezela ukuqeshwa kweenqununu zezikolo, kungekho kulibaziseka kungako, kuya kuqhutyekwa nokuba iqwalaselwe kuqala. Iikhrayitheriya zokuqeshwa, ezichazwe kwizaziso zezithuba, zibandakanya imfuno yabagqatswa bolawulo lwesikolo abaza nobungqina bokuba bawuphucule umgangatho kwimisebenzi yabo yangaphambili. Ukwanda kwenani lezithuba zengqesho ezikhutshwayo kuya kunceda ukuqinisekisa ukuba izikolo zingaqesha kwangexesha, ukuze ngokwenjenjalo ziqinisekise utshintsho olungenamagingxingxi kubunkokeli nophazamiseko olungabhekanga phi kwinkqubo yesikolo.

Izikolo zaziswa ngamanani ezithuba zengqesho eziwabelweyo ngo-2012 ngoSeptemba 2011 ukwenzela ukuba ukucwangcisa nokwenziwa kwethayimthebhile kwenziwe ngexesha. Kubekho iprogram elungiswe kakuhle yokuqinisekisa ukuba yonke imiba yokulungela ukuqalisa isikolo kwabantwana ngo-2012. Oku kubandakanya izakhiwo zezikolo ezilungele ukusetyenziswa kwakunye nokwenziwa kwekharithyulam ilungele abantwana abaqalayo nolawulo olulungiselelwe abantwana yaye kuya kwabandakanywa noqwalaselo lwemfuno yezikolo ukuba zibe zizikolo ezinenkathalo (*caring schools.*) Zimalunga ne-100 000 izixhobo eziyifanitshala ezasiwa ezikolweni ekupheleni kuka-2011. Oku kwabandakanya istokhwe sezikolo ezili-10 ezitsha eziza kuvula ngoJanuwari, nezi-3 eziza kuvula ekupheleni kukaMatshi 2012. Iiprogram yobhaliso lwabafundi kwangethuba ka-2011, yayibeke imihla eyathi yapapashelwa uluntu ngokubanzi ukuba lwazi ngayo ukwenzela ukuba abazali babhalise abantwana babo yaye ii-ofisi zezithili zaseka iikomiti zobhaliso ukunceda abazali. Le program ibe neziphumo ezihle kwiimeko ezininzi yaye iza kuphindwa ngo-2012.

Unyaka ka-2011 waba ngunyaka wokwenza amalungiselelo enkqubo ebaluleke kakhulu yokunyulwa kwamaBhunga oLawulo eZikolo (*School Governing Bodies*) ngo-2012. Ugxininiso lube kwiindima nemisebenzi eziindidi ngeendidi yamalungu eSGB, yaye oko kuya kuqhubeka kunjalo, yaye kubandakanya nendima yawo ekuqeshweni kweenqununu nootitshala. ISebe liqulunqe uMgaqo woKuziphatha wamaBhunga oLawulo eZikolo. Lo mgaqo uya kusetyenziselwa ukunceda abahlali bezikolo ekuqapheleni abazali abanezakhono ezifunekayo. NgoMatshi 2012, kuya kunyulwa amaBhunga oLawulo eZikolo amatsha. Oku kuya kulandelwa yiprogram yokuqhelaniswa nezikhundla ezitsha elungiswe kakuhle kakhulu kwakunye noqeqesho oluqhubeka okokoko.

libhasari zaphambi kokungena enkonzweni zinikwa ootitshala ababonisa umdla nolangazelelo (*aspiring teachers*), abajolise kwizifundo ezinqabileyo kwiinkalo ezifana neMathematika, iSayensi, iThekhinoloji neSigaba seSiseko. libhasari eziyi-200 ziya kubonelelwa kunyaka wokufunda ngamnye ukulungiselela ootitshala abasanda kuqeqeshwa kwizifundo ezikhethiweyo. Sele senziwe isicwangciso sokuba abasebenzi abangaphezu kwemfuneko, bafakwe ezithubeni nokuba abo babenikwe ibhasari yiFunza Lushaka (*Funza Lushaka bursary holders*) mabaqeshwe njengootitshala abasisigxina okanye ababambeleyo ukuba kunokwenzeka oko. Kukho amalinge enziwayo aqhubekela phambili amalunga noku.

Uqeqesho lootitshala nabaphathi bezikolo ngumba ekugxininiswa kuwo ngakumbi liSebe iWCED. Oku kubandakanya iikhosi eziindidi ngeendidi, iisemina neenkomfa e-Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI). Ukongeza kwiikhosi zeeveki ezimbini ukuya kwezine kwezi ndawo, iCTLI ikwaqhuba neesemina neenkomfa ezahlukeneyo ngezihloko ezibalulekileyo.

Kwimeko yeenqununu, ugxininiso luya kuba sekuboneleleni ngozinzo oluphuculweyo ezikolweni nangophuhliso nenkxaso yabo bangenamava okanye abafuna ingcebiso engaphezulu (*extra mentoring*). Zonke izithili zibamba iiseshoni zokuqhelaniswa nezithuba ezitsha ukulungiselela abaqeshwa bazo. Ukongeza apho, abaphathi bezikolo abayi-152 baza kugqiba i-Advanced Certificate in Education: School Leadership. Iikhosi eCTLI zoqeqesho kulawulo lwezikolo ziya kubandakanya ezi zihloko: *inqununu njengomphathi wekharithyulam; iindima nemisebenzi yamasekela-nqununu; iindima nemisebenzi yeentloko zamacandelo (heads of department), iinqununu ezibonisa umdla nolangazelelo (aspiring principals) neenkokeli zezikolo; uqhelwaniso lweenqununu namasekela-nqununu nomsebenzi wawo; uqeqesho lweekomiti zolawulo zezikolo nabasetyhini abakulawulo nabanomdla wobakulawulo.*

Uphando olwenziweyo eMzantsi Afrika (*South African research papers*) lunika ubungqina bokubakho kwefuthe elibi lokuphazamiseka kwiziphumo zabafundi. Ngako oko ke oku kugxininisa ngamandla ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kweeyure zokufundisa. Olu gxininiso luxhaswa ziimpawu ezitsha zeengxelo zekota zokungahambi isikolo kwabafundi nootitshala (*learner and teacher absenteeism*) kunye nomgaqo-nkqubo wokungahambi isikolo kwabafundi (*learner absenteeism policy*) owaphunyezwa ukususela ngoJanuwari 2011. Ngo-2012 kuya kubakho ugxininiso olumandla kule miba.

Ukwenzela ukubethelela ugxininiso ekwandiseni ixesha lokufundisa, kwiKhalenda yoCwangciso, eyathunyelwa ezikolweni ngoSeptemba 2011 kudweliswe imihla ephambili, efana nomhla wokuqalisa nokugqiba uviwo, neminye imihla yolawulo ebekiweyo (*administrative deadlines*).

Kwaqaliswa iinkqubo zokunciphisa ukuphazamiseka kwexesha lokufundisa. Amagosa makangabakhuphi ootitshala neenqununu emisebenzini yabo abayenzayo. Izikolo mazazisiwe ukuba kufanele kungabikho kuphazamiseka kwiprogram yokufundisa (*instructional programme*) ngenxa yeendwendwe, iiNGOs neminye imisebenzi. Umgqo-nkqubo weehambo zokufunda zesikolo (*school excursion policy*) ucacisa ukuba isikolo masenze isicelo kumlawuli wesithili semfundo phambi kokuba abafundi bathathe uhambo lokufunda.

ISebe iWCED liya kuqhubeka nokuphumeza iprogram yokulungisa umonakalo omkhulu wethuba langaphambili nebandakanya ukwazi ukwenza izifundo ezininzi kwabafundi ababevinjwe amathuba kwixa langaphambili, ngeeprogram ezizodwa kwizikolo ekuthiwa zii-*focus schools*; ukondla abafundi; ukubonelela ngezikolo ezingabizi zifizi ukwenzela ukuba kungabikho mfundi uvinjwa ilungelo lokufunda.

limali ezabiwa ngokweMimiselo neMigangatho yolwabiwo-mali ezikolweni, ziyalinganiselwa ngokweemfuno ukwenzela ukuba izikolo zabahlali abathwaxwa yintlupheko zabelwe imali engaphezulu.

INqanaba leNtlupheko	Inani lezikolo	Isixa se-R ngomfundi ngamnye
NQ 1	314	R960
NQ 2	163	R880
NQ 3	190	R880
NQ 4	321	R480
NQ 5	452	R217
Itotali	1 442 ⁴	R598 (i-avareji)

Yonke imithombo yeemali ekhutshwa ngokwesigqibo sabaphathi (*discretionary funding streams*), efana neprogram yezikolo ezingabizi zifizi nokwabelwa kwezikolo ootitshala abongezelelweyo, isiwa kwicala lokulungisa umonakalo wethuba langaphambili kwabo babevinjwe amathuba ngaphambili ngokwembali (*historical disadvantage*) nokuphelisa ifuthe lentlupheko. Umgaqo-nkqubo wezikolo ezingabizi zifizi usetyenziswa kula manqanaba entlupheko kazwelonke 1, 2 no-3 yaye ngabafundi abayi-368 142 abaxhamlayo.

Imeko yeefizi	Inani lilonke lezikolo
Ezingabizi zibizi	667
Izikolo ezibiza iifizi	775
Itotali ePheleleyo	1 442 (kungafakwanga ezitsha ezili-10)

Ngo-2011 iSebe iWCED labuyisela izikolo izigidi eziyi-R21m ngenxa yokuxolelwa kwabazali ukuhlawula iifizi. Le program inceda izikolo esele zamkele abafundi abangenako ukuhlawula iifizi. Kukho ithemba lokuba izikolo ezininzi ziya kulisebenzisa ngobulumko eli thuba lihle ngo-2012.

Amagosa amaninzi abelwe kwezo nkalo apho kukho izikolo ezininzi ezithwaxwa yintlupheko. Izikolo ekugxininiswa kuzo eziziintlobo ngeentlobo zibonelela ngamathuba amahle kubafundi ababengenako ukufikelela kwizifundo zobugcisa nenkcubeko, ezobunjini nethekhinozi nezolawulo lwamashishini (*business management subjects*) kwithuba elidlulileyo. Iiprogram ezixhaswa ngezimali ziqhutywa kwezo zikolo zihlelwa njengezona zithwaxwa mpela yintlupheko ngokwamanqanaba anxulunyaniswa nentlupheko kazwelonke (Amanqanaba 1-3).

I-National School Nutrition Programme inika abafundi abangaphezu kwe-426 000 ukutya okunesondlo yonke imihla kwizikolo eziziiPrayimari, ezeMfundo eneeMfuno eziZodwa neZikolo eziziiSekondari ezithagethiweyo eziyi-1020.

Iskim sothutho lwabafundi njenganguku, siya kubonelela ngezithuthi ezizibhasi ukuya nokubuya esikolweni kubafundi abayi-49 000, abakwiindawo ezisemaphandleni ubukhulu becala, kwiindlela eziphantse zibe yi-500. Kuyimfuneko ukubekwa esweni okungqongqo kwale nkqubo ukuqinisekisa ukhuseleko lwabafundi.

⁴ Makuqatshelwe ukuba le totali ayibandakanyi izikolo ezitsha eziyi-10 ezixhaswa ngemali yeminye imithombo kunyaka wazo wokuqala.

5. ISishwankathelo seBhajethi ka-2012/13 noQikelelo lwe-MTEF

5.1 Uqikelelo lweNkcitho

BT ⁵ 001	Icandelo lemfundo yephondo-Imiba ephambili					
	2009/10	2010/11	2011/12	2012/13	2013/14	2014/15
	Eyiyo kanye	Eyiyo kanye	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo
Ingeniso (R' 000)*						
Isixa esabiwe ngoBulungisa (<i>Equitable share</i>)	10,283,802	11,030,552	12,092,084	12,843,155	13,713,118	14,527,750
Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	302,764	894,103	1,190,413	1,323,569	1,403,566	1,457,579
Inkxaso-mali yeZipho-mali (<i>Donor Funding</i>)	0	0	0	0	0	0
Ezinye izimali (ii- <i>Asset Finance Reserve</i>)	0	8,219	52,703	37,800	0	0
Ingeniso yeSebe (Own Revenue)	26,747	22,874	24,025	24,533	25,065	25,065
Itotali	10,613,313	11,955,748	13,377,152	14,229,057	15,141,749	16,010,394
Iintlawulo ngeprogram nganye (R'000)*						
1. Ezolawulo	507,030	512,901	557,137	538,624	573,237	603,319
2. Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (makujongwe ukwahlulwa kwazo apha ngezantsi)	8,602,087	9,705,728	10,858,192	11,576,574	12,217,002	12,947,755
3. Iinkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo	55,522	59,696	64,188	68,874	74,040	78,112
4. Izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zikarhulumente	634,604	727,646	805,059	851,735	942,753	937,687
5. Iikholeji ze-FET (<i>Further Education and Training</i>)	368,917	446,971	534,671	584,213	653,036	689,938
6. Imfundo noQeqesho lwaBadala	29,479	32,152	33,919	35,818	37,871	39,809
7. UPuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo (<i>ECD</i>)	288,620	345,895	388,476	428,969	490,175	551,914
8. IiNkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo	127,054	124,759	135,510	144,250	153,635	161,860
	10,613,313	11,955,748	13,377,152	14,229,057	15,141,749	16,010,394

⁵ BT stands for Budget Table

ST003 Icandelo lemfundo yephondo-Ulwabiwo ngemimiselo yolwabiwo lwezithuba (2011)					
Iiprogram/linjongo zezithuba	Izithuba zeNqanaba 1	Izithuba zeNqanaba 2	Izithuba zeNqanaba 3	Izithuba zeNqanaba 4	Itotali
Izithuba ezabiwe nge- <i>distributed model</i>	20 164	4 320	1 427	1 529	27 440
Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	18 853	4 062	1 343	1 455	25 713
Izikolo eziziiprayimari zikarhulumente	11 523	2 451	800	1 091	15 865
Isigaba seesekondari zikarhulumente	7 330	1 611	543	364	9 848
Izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente	1 311	258	84	74	1 727
Itotali	20 164	4 320	1 427	1 529	27 440

Umthombo: I-Post Provisioning Model 2011 (Rounded)

Ubalo lwasekelwa kwi-Post Distribution Model for 2010 ukugcina uzinzo kumaziko

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram nezeeprogram ezisekelayo

1. IProgram 1: Ezolawulo

Injongo: Ukubonelela ngolawuli lwento yonke kwinkqubo yezemfundo, nangenkxaso kwinkqubo yezemfundo ngokungqinelana noMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo, uMthetho woLawulo lwezeMali kaRhulumente neminye imigaqo-nkqubo efanelekileyo

Ucazululo lweprogram nganye:

linjongo ezicwangciswe ngobuchule ezihlaziyiweyo (Strategic Objectives)

1. Ukusa izibonelelo ezingabantu neziyimali kwezo zithili zemfundo nakwizikolo ezithe ngokwemali zafumana inkxaso-mali esezantsi nokuqinisekisa ulawulo lwezemali nolwabasebenzi ngokwento yonke nolawulo lwezemali nolwabasebenzi (HR management).
2. Ukuphucula ukukwazi ukuphendula nobuchule beSebe iWCED ngokugxininisa ekuphuculeni iinkqubo zoshishino zesebe neesistim.
3. Ukubonelela abakulawulo abathagethiweyo ngoqeqesho lwamagosa, amalungu eekomiti zolawulo zesikolo neeSBGs.

Ngo-2012 ugxininiso luya kuba kwimpumelelo ephuculweyo kwiinkonzo zolawulo eziza kwenziwa, iinkqubo eziphuculweyo, ezibandakanya usetyenziso olungqongqo lweenkqubo nemigaqo ye-akhawuntingi (*accounting practices and disciplines*), nenkxaso enokwenzeka eza kunikwa izikolo.

linkalo eziphambili ekujoliswe kuzo ngo-2012:

- linkalo zokwenziwa kweenkonzo ezingundoqo kwiCandelo lezaBasebenzi ziya kuba zezi: (i) ulawulo loKwabiwa kweZithuba (*Post Provisioning*) olwaziwa njenge-*Basket of Posts* apho izikolo ziya kwaziswa ngamanani ezithuba ezabelwe zona ukulungiselela u-2013 ungalulanga owe-31 Agasti, 2012, nezithuba ezabelwe ukwanda kwamanani, ungalulanga owe-30 Septemba, 2012 (ii) ukupapashwa kwezithuba zootitshala abakumaziko (*institution-based educator posts*), (iii) uLawulo loMgaqo-nkqubo i*Policy on Incapacity Leave and Ill-health Retirement* (iv) ukugaywa nokukhethwa kwabaqeshwa obanobuchule, (v) ulawulo lwemivuzo (vi) ukufakwa ezithubeni kwabanezidanga beFunza Lushaka kwakunye nabasebenzi abangaphezu kwemfuneko kunye (vii) neenkqubo zezabasebenzi ezinabathathi-nxaxheba bangaphakathi nabangaphandle.
- Ngo-2012, kuya kuqaliswa iprojekthi yokubonelela izikolo ngqahagamshelwano oluhamba ngesantya esiphezulu i-*high speed connectivity nge-WAN*.
- Izikolo ziya kubinelelwa ngesixhobo sekhompyutha i-*standardised online tool nge-CEMIS/i-SAMS* sokufaka isiCwangciso soPhuculo lweSikolo neNgxelo yoNyaka yeSikolo. Oku kuya kubangela izikolo zifunde iimpawu zeemeko eziqhubekayo kuzo ukwenzela ukuba zenze izigqibo zinolwazi ngeethagethi.
- I-*District Management Information System, Phase II*, yaqalisa ukusetyenziswa ngoJanuwari 2012. Le sistim iphuculweyo ibonelela ngesibonelelo sokubeka esweni ukuphunyezwa kweziphumo neengcebiso ezenziwe kwiingxelo.
- Iqela leenkqubo zokwenza imisebenzi ziya kwenziwa ngoomatshini (*automated*) ngokuthi kubonelelwe izikolo, iZithili neeyunithi zakwaNdlunkulu ngeefasilithi ezisebenza ngekhompyutha, ngokwazi ukufikelela, ukunika ingxelo neendlela zokubeka esweni. Izongezelelo ziya kubandakanya iiLTSM – iincwadi zezifundo/iincwadi zomsebenzi, iZikim zoThutho lwaBafundi, ukuXolelwa kwiifizi, ukwabiwa kwamanani ezithuba, iProgram yeSondlo yeZikolo, izicelo zoLondolozo oluNgxamisekileyo, iiNgxelo zoNyaka zeSikolo.

- Onke amacandelo eSebe iWCED aya kuthathela ingqalelo ngakumbi iinkqubo nemigaqo ye-akhawuntingi (*accounting practices and disciplines*) nemicimbi yokuthengwa kweempahla neenkonziso ukwenzela ukuphucula uphicotho lweengxelo zemali “olungenamakhwiniba” loMphicothi-zincwadi olukhoyo ngoku
- Umsebenzi wolawulo nokuphathwa kwamaziko kwizithili uyajongiswisa kwakhona yaye uyavavanywa uthelekiswa nemigaqo yoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*South African Schools Act (SASA)*) ingakumbi imiba ephathelele kulawulo lwezemali zezikolo nokuphathwa kwezikolo ngokubanzi. Izikolo eziyi-100 ezikhethiweyo zahlolwa ukususela ku-Oktobha 2011 ukuya kutsho kuFebruwari 2012 njengenxalenye yesigqibo seSebe iWCED sokomeleza ulawulo lwezemali ezikolweni. Abalawuli beze-IMG abasezithilini nabo kuya kufuneka bathethane noosihlalo bamabhunga olawulo ezikolo (SGBs) ukuqinisekisa ubungakanani benkxaso yeSGBs kwizikolo zazo ngokungqinelana neziqendu 20 no-21 zeSASA.
- Ngenxa yenjongo yokuseka umgangatho ophuculweyo, umoya wokugxininisa kwiziphumo kuwo onke amanqanaba eziko, amagosa nootitshala baya kuqhubeka nokubonelelwa ngoqeqesho olufanelekileyo nangeeprogram zophuhliso.

Iiprogram ezisekelayo

Iiprogram esekelayo 1.1: I-Ofisi yoMphathiswa

ukulungiselela ukwenziwa kwemisebenzi ye-ofisi yeLungu leBhunga leSigqeba (*Member of the Executive Council (MEC)*) kwezemfundo

Iiprogram esekelayo 1.2: Iinkonzo zeZiko

ukubonelela ngeenkonziso zolawulo ezingangqamananga ngqo nezemfundo kwinkqubo yezemfundo

ukwenza amalungiselelo asikelwe imida (*provide limited provision*) nolondolozo lwendawo yokusebenzela

Iiprogram esekelayo 1.3: Ulawulo lwezeMfundo

ukubonelela ngeenkonziso zolawulo lwezemfundo kwinkqubo yezemfundo

Iiprogram esekelayo 1.4: Uphuhliso lwaBasebenzi

ukubonelela ngophuhliso lwezakhono zabasebenzi abasezi-ofisini

Iiprogram esekelayo 1.5: I-Education Management Information System (EMIS)

ukubonelela ngengcaciso yolawulo lwezemfundo ngokungqinelana noMgaqo-nkqubo weNgcaciso yezeMfundo kaZwelonke (*National Education Information Policy*)

1.1. Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neeThagethi zoNyaka ka-2012/13

Izalathi zeNtsebenzo yeProgram		Intsebenzo ephicothiweyo/ Eyiyi kanye			Intsebenzo eqikelelweyo 2011/12	Iithagethi zethuba eliphakathi		
		2008/09	2009/10	2010/11		2012/13	2013/14	2014/15
1.1	Ukuqinisekisa ulawulo lwezemali	Uphicotho olungena-makhwiniba	Uphicotho olungena-makhwiniba	Uphicotho olungena-makhwiniba	Uphicotho olungena-makhwiniba	Uphicotho olungena-makhwiniba	Uphicotho olungena-makhwiniba	Uphicotho olungena-makhwiniba
1.2	Izitenxo malunga neziniki-maxabiso ezingaphezu ko-500 000	Ezintsha	28	19	20	15	15	15

1.2. Ukungqinelanisa iiThagethi zentsebenzo neBhajethi neMTEF

BT 101	Ezolawulo-limpawu eziphambili	2009/11 Eyiyi kanye	2010/11 Eyiyi kanye	2011/12 Eqikelelweyo	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo	2014/15 Eqikelelweyo
Iintlawulo ngeprogram esekelayo nganye (R'000)*							
	1.1 I-ofisi yoMphathiswa wezeMfundo (MEC)	4,200	4,326	5,104	5,497	5,877	6,245
	1.2 IiNkonzo zeZiko	206,328	241,038	209,948	219,891	235,611	248,214
	1.3 Ulawulo lwezeMfundo	257,416	299,795	306,223	274,747	291,158	306,215
	1.4 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	15,878	17,250	6,666	7,804	8,311	8,750
	1.5 ISistim yoLawulo lweNgcaciso yezeMfundo (i-EMIS)	23,208	27,859	29,196	30,685	32,280	33,895
	Itotali	507,030	590,268	557,137	538,624	573,237	603,319
Iintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)*							
	Iintlawulo zaNgoku	379,416	467,737	436,971	438,536	467,946	492,760
	Imbuyiselo yabaqeshwa	233,540	292,636	262,735	254,659	273,753	288,858
	▶ Ootitshala	49,043	61,454	55,174	53,478	57,488	60,660
	▶ Abangezotitshala	184,497	231,182	207,561	201,181	216,265	228,198
	Iimpahla neenkonzo nokunye (current)	145,876	175,101	174,236	183,877	194,193	203,902
	Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	110,226	107,511	66,930	40,621	42,732	44,871
	Iintlawulo zee-asethi ii-capital assets	17,388	15,020	53,236	59,467	62,559	65,688
	Itotali	507,030	590,268	557,137	538,624	573,237	603,319

BT 101	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram yeProgram 1	2009/10 Eyiyo kanye	2010/11 Eyiyo kanye	2011/12 Eqikelelweyo	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo	2014/15 Eqikelelweyo
IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram yeProgram 1							
▶ PPM101: Inani lezikolo zikarhulumente ezisebenzisa i-SA SAMS ukubonelela idatha kwisistim yokulandelela abafundi kazwelonke (<i>national learner tracking system</i>) ⁶	1 456	1 452	1 452	1 452	1 452	1 452	1 452
▶ PPM102: Inani lezikolo zikarhulumente ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (nge-imeyili)	1 450	1 447	1 452	1452	1 452	1 452	1 452
▶ PPM103: Ipesenti yenkcitho yangoku ebhekiselele kwizinto ezinganxulumananga nabasebenzi (<i>non-personnel items</i>)	20.84%	19.46%	20.34%	20.30%	20.85%	20.85%	21.12%

BT102	Inkcitho ngento nganye (2012/13) R'000								
	1. Admin	2. POS	3. Indep	4. Spec	5. FET	6. ABET	7. ECD	8. Aux	Itotali
lintlawulo zaNgoku	434,424	10,359,415	-	676,207	282,277	9,631	143,722	135,373	12,041,049
Imbuyiselo yabaqeshwa	254,659	9,377,953	-	660,237	282,277	8,262	70,217	80,315	10,733,920
Ootitshala	114,291	8,521,130	-	527,397	235,182	8,262	70,217	26,953	9,503,432
Imivuzo nemirholo	101,008	7,410,013		459,814	209,900	8,023	60,566	25,746	8,275,070
lintlawulo zezentlalo	13,283	1,111,117		67,583	25,282	239	9,651	1,207	1,228,362
Abangezotitshala	140,368	856,823	-	132,840	47,095	-	-	53,362	1,230,488
Imivuzo nemirholo	124,054	745,097		115,817	42,032	-	-	50,973	1,077,973
lintlawulo zezentlalo	16,314	111,726		17,023	5,063	-	-	2,389	152,515
Iimpahla neeNkonzo	179,765	981,462	-	15,970	-	1,369	73,505	55,058	1,127,364
Ii-inventri (<i>Inventories</i>)	14,463	306,910	-	4,005	-	680	11,396	17,625	355,079
Izibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa	8,684	298,977		3,990			11,282	-	322,933
Izinto zokubhala nokuprinta	5,715	7,587		3		680	114	17,625	31,724
Okunye	64	346		12					422
Iinkonzo zabacebisi, ezekhontraka nezenziwa	32,003	240,832		75		-	59,552	7,899	340,361

⁶ Qaphela ukuba nangona izikolo zingasebenzisi i-SASAMS ziyayinika idatha kwisistim yokulandelela abafundi kazwelonke zisebenzisa isistim efana ne- *education information management information system* IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka 2012/13 – 2014/15

BT102	Inkcitho ngento nganye (2012/13) R'000								
	1. Admin	2. POS	3. Indep	4. Spec	5. FET	6. ABET	7. ECD	8. Aux	Itotali
ngababoneleli bangaphandle									
Izixhobo ezingaphantsi kwe-R5, 000	13,894	21,592		-		-	-	2,504	37,990
Ulondolozo lwezakhiwo	18,345	135,639		-		-	-		153,984
Iingqeshiso ezisebenzayo (<i>Operating leases</i>)	2,901	2,385		81		-	-	401	5,768
Uthutho lwabafundi	-	168,930		-			2,398		171,328
Iimpahla neenkonzo	98,159	105,174		11,809		689	159	26,629	242,619
Inzala nokurentwa komhlaba	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Inzala									-
Irenti yemihlaba									-
Ii- <i>Financial transactions</i> kwii-asethi nasematyaleni (<i>assets & liabilities</i>)	4,112								4,112
Inkcitho engagunyaziswanga									-
lintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	40,621	612,711	68,874	122,446	301,936	26,187	249,247	8,739	1,430,761
Ii-arhente zeSebe nee-akhawunti								5,524	5,524
Amaziko angenzi ngeniso	38,985	583,892	68,874	121,125	267,988	26,187	247,864	3,153	1,358,068
Izikolo zeSiqendu 21 Ii-LTSM, izixhobo ezisetyenziswayo, ulondolozo neenkonzo ezenziweyo		313,741							313,741
Amanye amaziko ezemfundo	38,985	270,151	68,874	121,125	267,988	26,187	247,864	3,153	1,044,327
Amakhaya	1,636	28,819		1,321	33,948		1,383	62	67,169
lintlawulo zee-asethi ii-capital assets	59,467	604,448	-	53,082	-	-	36,000	138	753,135
Izakhiwo nezinye izitraksha ezingenakushenxiswa	-	599,792	-	50,082	-	-	36,000	-	685,874
Izakhiwo	-	505,189	-	22,932	-	-	-	-	528,121
Izikolo ezitsha		505,189		22,932					528,121
Iiklasi ezongezelelweyo									-
Ezinye izongezelelo									-
Ezinye izitraksha ezingenakushenxiswa		94,603		27,150			36,000		157,753
Oomatshini nezixhobo	57,365	4,656	-	3,000	-	-	-	138	65,159
Abanye oomatshini nezixhobo	57,365	4,656		3,000				138	65,159
I- <i>Software</i> nezinye ii-asethi ezingaphathekiyo	2,102	-							2,102
Itotali iyonke	538,624	11,576,574	68,874	851,735	584,213	35,818	428,969	144,250	14,229,057

1.3. INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho

Ukunciphisa kwinkcitho kubangelwe ubukhulu becala kukufakwa kweprojekthi yeKhanya kwiSebe (*institutionalisation of the Khanya project*) nokunciphiswa kwezithuba zengqesho okube sisiphumo soku.

1.4. IiThagethi zaQho ngeKota zika-2012/13

IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram/Isalathi seNtsebenzo yeProgram		Ithuba lengxelo	Ithagethi yonyaka 2012/2013	IiThagethi zaQho ngeKota			
				1 st	2 nd	3 rd	4 th
PPM101	PPM101: Inani lezikolo zikarhulumente ezisebenzisa i-SA SAMS ukubonelela idatha kwisistim kazwelonke yokulandelela abafundi (<i>national learner tracking system</i>)	2012/13	1 452	1 452	1 452	1 452	1 452
PPI 1.3	Inani lezintlu zezithuba ezikhutshwe ngokumalunga nezithuba zootitshala abakumaziko (<i>institution-based teacher posts</i>) kunyaka wesikolo ka-2011	2012/13	5	1	2	1	1
PPI 1.4	Amanani ezikolo (ezongezelelweyo) eziza kuhlolwa kuvavanyo lwesikolo siphela (<i>whole-school evaluation</i>)	2012/13	120	44	49	6	21

2. Iprogram 2: Izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo

Injongo: Ukubonelela ngemfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukususela kumaBakala 1 ukuya kwiBakala 12 ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika,

Ucazululo lweprogram nganye:

linjongo ezicwangciswe ngobuchule ezihlaziyiweyo (Strategic Objectives)

Ukuqinisekisa ukuba ootitshala baxhotyiselwe ukufundisa ngokuthi baye kuphuhliso lokwenza umsebenzi abawuqeqeshelweyo oluqhubeka okokoko

Ukuqinisekisa ukuba iziphumo zolwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala ziyaphuculwa ngokusa ezona zibonelelo zininzi (ezingabantu neziyimali) kwiminyaka emithathu yokuqala yokuhamba isikolo.

Ukuqinisekisa ulawulo olugqwesileyo lwezikolo

Ukuqinisekisa ukuba ikhosi nganye inezibonelelo ezininzi ezizincwadi nokunye.

Ukubonelela ngeeprogram zokutya namanye amanyathelo athagethelwe ukuphelisa intlupheko nawokhuseleko Ukuqinisekisa ngolondolozo lwezibonelelo zeziseko zophuhliso ezibalulekileyo, ngendlela eyimpumelelo, neyonga imali.

Ukuqinisekisa ukuba kubonelelwa ngezikolo nangootitshala ukwenzela ukuba kungqinelwane neempawu ezibonisa ukwanda kwabemi belizwe (*demographic trends*).

Ngo-2012 ugxininiso kule program luya kuba kwimigaqo neesistim eziyimfuneko ekukhuliseni amava okufunda aphuculweyo okuxhasa iinjongo ezintathu zeSebe iWCED.

linkalo eziphambili ekujoliswe kuzo ngo-2012:

- IziCwangciso zoPhuculo lweSikolo (*School Improvement Plans (SIP)*) ziya kufuna ukuba izikolo zizibekele iithagethi, kumjikelo weminyaka emithathu, zezo prayorithi ziphambili zidweliswe phantsi kwesicwangciso i-*Action Plan 2014*, kubandakanywa iithagethi zentsebenzo ezifundweni. Ngokwenza lo msebenzi, kuya kuqwalaselwa ngakumbi ukuqinisekisa ukuba ukungahambi isikolo kootitshala nabafundi kuyancitshiswa nakwimfuno yokwandisa kakhulu ixesha lokufundisa okusemgangathweni. Ezinye iiprayorithi zolawulo ze-*SIP* ziya kuba kukusiwa kootitshala kwezinye izikolo (*teacher deployment*) umz. umlinganiselo wenani labafundi abafundiswa ngutitshala (*learner:educator ratio*) esikolweni nakuqeqesho lo gama usenkonzweni, ukugcinwa kwabafundi beqhubeka nokufunda, ukuya kwabazali kwiintlanganiso nezicwangciso zolondolozo nezolawulo lwestokhwe sesikolo.
- Uphuhliso lootitshala luya kuthagethwa, kwizinto ngokubanzi nakwiprogram yeCAPS, zombini.
- Ukubonelelwa ngeencwadi zezifundo, ifanitshala nezixhobo neziseko zophuhliso kuya kuqhubeka kuyeyona nto kugxininiswa kuyo. Le program iya kubeka phambili izibonelelo ngokusekelwe kwiimfuno yaye iya kuxhasa iiprayorithi zeSebe iWCED.
- Onke amagosa kufuneka athathele ingqalelo ukunika inkxaso izikolo kwiinkalo ezithile ekukho imfuno kuzo.
- Iingxowa-mali neegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango (*Funds ring-fenced under the conditional grants*) ziya kwabelwa ukunika inkxaso yabasweleyo nokwandisa ukwazi ukufikelela kwiinkonzo nasekusebenzeni ngokugqwesileyo. Ezi program zibandakanya iprogram i-*School Nutrition Programme* ne-*HIV/AIDS*; iprogram yokuxhaswa ngakumbi ngemali kwezikolo zobugcisa neprogram yeDinaledi ukuphucula iziphumo ze-*Mathematics* ne-*Physical Science* neegranti ezimbini zeziseko zophuhliso.
- Kuya kugxininiswa ekubeni izikolo zibe zizikolo ezinenkathalo (*caring schools*) – umgaqo-sikhokelo i-*Care and Support Framework* uza kusebenza njengesiseko sokukhuthaza umoya wokuba nenkathalo kwezikolo.
- Ukomeleza iisistim zolawulo lweLTSM nokusetyenziswa kwazo ezikolweni nakwizithili zemfundo.
- Kuya kugxininiswa ekukhuliseni iireyithi zabafundi abaphindayo kuwo onke amabakala, ingakumbi kumaBakala 1 no-9, kwizikolo ezithile ngongenelelo ngoncedo ukunciphisa le meko. Abaphathi beze-*IMG* baya kulandelela iimpawu ezibonisa indlela abaqhuba ngayo abafundi kwizifundo ezikolweni ukususela ekuqaleni konyaka, yaye bazixhase izikolo ekusombululeni lo mba.

- Kuya kumgangatho weBakala R neBakala 1 (makufundwe neProgram 7) – ukuqinisekisa ukuba abantwana bakulungele ukungena kwiBakala 1
- Kuya kugxininiswa ngokukodwa kungqinelwano lwamanqanaba aphezulu engxaki yokuziphatha kwabafundi engumngeni nolawulo oluyeke-yeke lweprogram yokufunda yesikolo.
- Kuya kugxininiswa kakhulu ekuqinisekiseni ukuba amaBhunga oLawulo eZikolo angena ezikhundleni axhotyiswe ngokupheleleyo ukulungiselela iinkonzo ekufuneka ezenzile.
- Ukumana kusandiswa ukuqaliswa kokusetyenziswa kwemimiselo nemigaqo-nkqubo kuya kuphucula ngakumbi ukuhamba isikolo kwabafundi.

IMimiselo ka-2012 - 2013: ezona yure zokufundisa zisezantsi ngeveki yesikolo nangosuku lwesikolo; ukuvakalisa ukuchaphazeleka buqu kwamalungu eSGB kwinkqubo yokuthenga iimpahla *neenkono*; imimiselo yeekhrayitheriya zokwamkelwa kwabafundi, iindlela zokuxhasa ngemali nolawulo kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa kubafundi abanezithintelo ekufundeni, ngokuxhomekeke kwimimiselo nemigangatho kazwelonke.

IZikhokelo zika-2012 - 2013: izikhokelo zamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente malunga nokuba zenziwa njani iirekhodi neengxelo-mali zezikolo zikarhulumente; izikhokelo zamabhunga olawulo malunga nokuba ingasingathwa njani na ibhajethi yonyaka yesikolo sikarhulumente; ukwamkelwa kweengxowa-mali nezinye iimpahla zizikolo zikarhulumente neehostele eziyinxalenye yezikolo zikarhulumente; iincwadi, iirekhodi neengxelo-mali emazigcinwe ezinxulumene namabhunga olawulo okanye nabantu abakhankanywe kwimimiselo; nendlela yokugcina iincwadi, iirekhodi neengxelo zemali ezilolu hlobo, ukuphicothwa kwazo neeritheni neengxelo ezifuna ukungeniswa ezinxulumene nazo; isikhokelo sokusetshwa nokuhluthwa kwezinto ngequbuliso kunye neziselo ezinxilisayo nokuvavanyelwa iziyobisi ezingekho mthethweni kwizikolo zikarhulumente.

Imigaqo-nkqubo ka-2012-13: Ukufundiselwa ekhaya kwabafundi neeNgqeshiso-mihlaba

Imigaqo-nkqubo neMimiselo ezakugqitywa phambi komhla we-31 Matshi 2012: imimiselo emalunga nokuZiphatha kakubi okuXhomisa amehlo; imimiselo emalunga nemigaqo-nkqubo yokuTyelela iSikolo noVavanyo; imigaqo-nkqubo engolawulo lwamatheko esikolo (*school functions*), nengolawulo lweehambo zokufunda zezikolo.

Iiprogram ezisekelayo

Iiprogram esekelayo 2.1: Izikolo eziziiPrayimari zikaRhulumente

ukubonelela izikolo eziziiprayimari zikarhulumente ezithile ngezibonelelo ezifunekayo kumaBakala 1 - 7

Iiprogram esekelayo 2.2: Izikolo eziziiSekondari zikaRhulumente

ukubonelela izikolo eziziiSekondari zikarhulumente ezithile ngezibonelelo ezifunekayo kumaBakala 8 - 12

Iiprogram esekelayo 2.3: Iinkonzo zokwenza imisebenzi yobungcali

Ukubonelela ootitshala nabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngeenkono zenkxaso ezilawulwa lisebe

Iiprogram esekelayo 2.4: Uphuhliso lwecandelo laBasebenzi

ukubonelela ngoqeqesho nolunye uphuhliso ootitshala nabangezotitshala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Iiprogram esekelayo 2.5: Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango

- ukubonelela abafundi abathwaxwa yintlupheko nabafa yindlala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngokona kutya kuncinane bakufunayo ukuze bafunde ngempumelelo esikolweni ngokusebenzisa iprogram iNational School Nutrition Programme (NSNP) ukubonelela ngeziseko zophuhliso kwizikolo zikarhulumente
- ukuxhasa ngemali kwakhona izikolo zobugcisa
- ukubonelela ngenkxaso kwizikolo zeDinaledi

2.1. Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neeThagethi zoNyaka ka-2012/13

Izalathi zeNtsebenzo yeProgram		Intsebenzo ephicothiweyo/Eyiyo kanye			2011/12	lithagethi zethuba eliphakathi		
		2008/09	2009/10	2010/11		2012/13	2013/14	2014/15
2.1.	Abafundi abagcinwe kwinkqubo yesikolo ukususela kumaBakala 10 – 12	Entsha	53%	56.7%	57%	58%	59%	60%
2.2.	I-% yabafundi kwiBakala 3 abafumana iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokuFunda nokuBhala	53.6%	Engavavanywanga	54.9%	30%*	33%	36%	40%
2.3.	I-% yabafundi kwiBakala 3 abafumana iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokuBala	35%	Engavavanywanga	48.3%	47%	50%	55%	60%
2.4.	I-% yabafundi kwiBakala 6 abafumana iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokuFunda nokuBhala	Engavavanywanga	48.6%	52.3%	32%*	35%	37%	40%
2.5.	I-% yabafundi kwiBakala 6 abafumana iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kuLwazi lokuBala	Engavavanywanga	17,4%	24.4%	23%	25%	30%	50%
2.6.	I-% yabafundi kwiBakala 9 abafumana iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kwiiLwimi	Engavavanywanga	Engavavanywanga	51.8%	44%**	45%	50%	55%
2.7.	I-% yabafundi kwiBakala 9 abafumana iziphumo zokufunda ezamkelekileyo kwiMathematika	Engavavanywanga	Engavavanywanga	9.4%	10%**	12%	15%	20%
2.8.	Izikolo ezinereyithi yokupasa engu- <60%	74	85	78	30	20	10	0
2.9.	Ireyithi yokuPasa kwiSatifikethi seMatriki sikazwelonke	78.7%	75.7%	76.8%	82.9%	82%	83%	84%
2.10.	Amanani okuPasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke	34 577	34 017	35 139	33 110	39 000	41 000	43 000
2.11.	I-% yabafundi abafanelekileyo ukungena kwizifundo zesiDanga sokuqala	33%	31.9%	31.48%	38.1%	36%	37%	38%
2.12.	I-% yabafundi abafanelekileyo ukungena kwizifundo zesiDanga sokuqala	14 522	14 324	14 414	15 214	16 500	17 000	17 500
2.13.	Amanani abafundi abapase iMathematika kwimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke	13 003	12 467	11 571	9 820	10 000#	10 200	11 000

Izalathi zeNtsebenzo yeProgram		Intsebenzo ephicothiweyo/Eyiyo kanye			2011/12	lithagethi zethuba eliphakathi		
		2008/09	2009/10	2010/11		2012/13	2013/14	2014/15
2.14	Amanani abafundi abapase iPhysical Science kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke	9691	7 064	7 524	7 137	7 200#	7 400	8 000
2.15	Inani lezikolo ezongezelelweyo ezikhuselwe nge-alam eqhagamshelwaniswe ne-armed response, ezine-burglar bars, ii-stone guards ezifestileni.	Entsha	50	50	50	50	50	50
2.16	Inani leebhasari ezinikwe abafundi abafanelekileyo ngokweemfuno zabo (deserving students), kwiminyaka emi-4 yokufunda okumiselweyo kwii-HEIs.	120	120	137	110	200	200	200

*Amanqaku neethagethi ezichatshazelwe ziinguqu kwiimvavanyo ukunyusa umgangatho wokuthelekisa imigangatho yamazwe ngamazwe
** lithagethi ezitshintshiweyo ngokumalunga namanqaku ovavanyo lokwandlalela
lithagethi ezitshintshiweyo ukuzingqinelanisa neenkqubo eziquhubekayo zephondo nezikazwelonke ngokwamanani afunda ezi zifundo

2.2. Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo neBhajethi neMTEF

BT 201	Imfundo yeSikolo sikaRhulumente esiQhelekileyo – limpawu eziPhambili					
	2009/10 Eyiyo kanye	2010/11 Eyiyo kanye	2011/12 Eqikelelweyo	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo	2014/15 Eqikelelweyo
lintlawulo ngeprogram esekelayo nganye (R'000)*						
2.1 Izikolo eziziiprayimari zikarhulumente	4,782,769	5,480,560	5,932,593	6,258,321	6,635,289	7,023,090
2.2 Izikolo zikarhulumente ezizisekondari	3,118,546	3,337,850	3,779,373	4,094,216	4,327,347	4,570,216
2.3 linkonzo zokufundisa	388,935	454,216	496,829	497,527	532,983	561,814
2.4 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	61,172	72,299	89,737	95,198	100,333	105,398
2.5 Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	250,665	360,803	559,660	631,312	621,050	687,237
Itotali	8,602,087	9,705,728	10,858,192	11,576,574	12,217,002	12,947,755

BT 201	Imfundo yeSikolo sikaRhulumente esiQhelekileyo – limpawu eziPhambili					
	2009/10 Eyiyi kanye	2010/11 Eyiyi kanye	2011/12 Eqikelelweyo	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo	2014/15 Eqikelelweyo
lintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)*						
lintlawulo zaNgoku	7,877,349	8,854,604	9,791,984	10,359,415	10,990,484	11,595,914
Imbuyiselo yabaqeshwa	7,145,945	7,990,255	8,830,888	9,377,953	9,956,488	10,514,159
- Ootitshala	6,431,351	7,191,230	7,947,799	8,440,158	8,960,839	9,462,743
- Abangezotitshala	714,594	799,025	883,089	937,795	995,649	1,051,416
limpahla neenkonzokunye (current)	731,404	864,349	961,096	981,462	1,033,996	1,081,755
lintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	531,835	531,252	545,161	612,711	689,747	758,818
lintlawulo zee-asethi ii-capital assets	192,903	319,872	521,047	604,448	536,771	593,023
Itotali	8,602,087	9,705,728	10,858,192	11,576,574	12,217,002	12,947,755

BT 202	Imfundo yeZikolo eziziiPrayimari zikaRhulumente esiQhelekileyo – limpawu eziPhambili					
	2009/10 Eyiyi kanye	2010/11 Eyiyi kanye	2011/12 Eqikelelweyo	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo	2014/15 Eqikelelweyo
lintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)*						
lintlawulo zaNgoku	4,347,862	4,989,313	5,509,730	5,761,158	6,112,375	6,450,173
Imbuyiselo yabaqeshwa	4,148,095	4,682,606	5,149,637	5,372,534	5,700,640	6,020,157
- Ootitshala	3,733,286	4,214,345	4,634,673	4,835,281	5,130,576	5,418,141
- Abangezotitshala	414,808	468,261	514,964	537,253	570,064	602,016
limpahla neenkonzokunye (current)	199,768	306,707	360,093	388,624	411,735	430,016
lintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	319,115	319,121	301,727	337,815	387,178	431,042
lintlawulo zee-asethi ii-capital assets	115,792	113,308	121,136	159,348	135,736	141,875
Itotali	4,782,769	5,421,742	5,932,593	6,258,321	6,635,289	7,023,090

BT 203	Izikolo eziziiSekondari zikaRhulumente – limpawu eziphambili					
	2009/10 Eyiyoy kanye	2010/11 Eyiyoy kanye	2011/12 Eqikelelweyo	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo	2014/15 Eqikelelweyo
lintlawulo ngokokuhlelwa kwezozoqoqosho (R'000)*						
lintlawulo zaNgoku	2,880,306	3,122,783	3,501,893	3,788,870	4,017,153	4,241,000
Imbuyiselo yabaqeshwa	2,692,203	2,986,620	3,265,716	3,574,930	3,793,073	4,005,775
- Ootitshala	2,422,983	2,687,958	2,939,144	3,217,437	3,413,766	3,605,198
- Abangezotitshala	269,220	298,662	326,572	357,493	379,307	400,577
limpahla neenkonzo nokunye (<i>current</i>)	188,103	136,163	236,177	213,940	224,080	235,225
lintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	173,770	164,075	191,603	225,606	250,682	273,720
lintlawulo zee-asethi ii- <i>capital assets</i>	64,470	62,344	85,877	79,740	59,512	55,496
Itotali	3,118,546	3,349,202	3,779,373	4,094,216	4,327,347	4,570,216

BT 204 ISikolo sikaRhulumente esiQhelekileyo-Izibonelelo ezenziwe ngemimiselo yenkxaso-mali yezikolo (2012/13)				
Iiprogram/Imeko yazo ngokomthetho/ Amanqanaba entlupheko	Izikolo	Inkcitho ePheleleyo (R' 000)	Abafundi	Inkcitho ngomfundi ngamnye R
2.1 Izikolo eziziprayimari zikarhulumente				
Izikolo ezingekho phantsi kweSiqendu 21	278	116,903	172 541	678
Inqanaba 1 (ezona zihlwempuzekileyo)	59	18,757	19 509	961
Inqanaba 2	52	39,146	44 474	880
Inqanaba 3	46	29,832	33 900	880
Inqanaba 4	79	23,144	48 060	482
Inqanaba 5 (ezihlwempuzeke kancinane)	42	6,024	26 598	226
Izikolo zeSiqendu 21	805	220,330	420 137	524
Inqanaba 1 (ezona zihlwempuzekileyo)	234	43,379	45 086	962
Inqanaba 2	83	41,943	47 663	880
Inqanaba 3	78	49,279	55 999	880
Inqanaba 4	159	56,125	116 889	480
Inqanaba 5 (ezihlwempuzeke kancinane)	251	29,604	154 500	192
Itotali	1 083	337,233	592 678	569
2.2 Izikolo zikarhulumente eziziisekondari				
Izikolo ezingekho phantsi kweSiqendu 21	96	69,599	97 832	711
Inqanaba 1 (ezona zihlwempuzekileyo)	11	11,378	11 852	960
Inqanaba 2	17	16,966	19 280	880
Inqanaba 3	27	26,397	29 997	880
Inqanaba 4	21	8,498	17 548	484
Inqanaba 5 (ezihlwempuzeke kancinane)	20	6,359	19 155	332
Izikolo zeSiqendu 21	263	109,189	231 564	472
Inqanaba 1 (ezona zihlwempuzekileyo)	10	9,585	9 984	960
Inqanaba 2	11	10,340	11 750	880
Inqanaba 3	39	32,353	36 765	880
Inqanaba 4	62	28,360	58 623	484
Inqanaba 5 (ezihlwempuzeke kancinane)	141	28,551	114 442	249
Itotali	359	178,788	329 396	543
Itotali yezikolo ezingekho phantsi kweSiqendu 21	374	186,501	270 373	690
Itotali yezikolo zeSiqendu 21	1 068	329,519	651 701	506
Itotali yeNqanaba 1	314	83,099	86 431	961
Itotali yeNqanaba 2	163	108,395	123 167	880
Itotali yeNqanaba 3	190	137,861	156 661	880
Itotali yeNqanaba 4	321	116,127	241 120	482
Itotali yeNqanaba 5	454	70,538	314 695	224
Itotali iyonke	1 442	516,021	922 074	560
Iiprogram 2 (Ibhajethi eyi-personnel non-capital budget)		1,594,173		
Inqanaba lezona zihlwempuzeke kakhulu ('top-slicing')		32.4%		
Makuqwalaselwe ukuba inani lezikolo eziyi-1442, alizibandakanyi izikolo ezitsha ezili-10 ezixhaswa ngezimali ngokwahlukeneyo kunyaka wokuqala				

► IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram yeProgram 2	2009/10 Eyiyo kanye	2010/11 Eyiyo kanye	2011/12 Eqikelelweyo	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo	2014/15 Eqikelelweyo
► PPM201: Inani labafundi ababhaliswe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	913 965	919 936	935 500	935 500	935 500	935 500
► PPM202: Inani lootitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	28 995	28 695	28 695	28 800	28 800	28 800
► PPM203: Inani labangezotitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	6 709	6 681	6 681	6 700	6 700	6 700
► PPM204: Inani labafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezixhamlayo kuMgaqo-nkqubo weZikolo “ezingaBizi ziFizi”	346 149	365 112	366 259	366 259	366 259	366 259
► PPM205: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziza kubonelelwa ngamanzi	0	0	0	0	0	0
► PPM206: Inani lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziza kubonelelwa ngombane	0	0	0	0	0	0
► PPM207: Inani lezikolo zikarhulumente eziza kubonelelwa ngezibonelelo zococeko (<i>sanitation facilities</i>)	0	0	0	0	0	0
► PPM208: Inani leeklassi eziza kwakhiwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	New PPM	394	605	592	688	688
► PPM209: Inani lamagumbi awodwa (<i>specialist rooms</i>) aza kwakhiwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (onke amagumbi ngaphandle kwamagumbi abandakanya: iilebhu, ii-stock rooms, i-sick bay, ikhitshi, njl.njl.)	New PPM	95	356	235	454	454
► PPM210: Inani labafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo ababhalise kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	13 765	12 691	7 793	7 500	7 300	7 100
► PPM211: Inani lezikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa ⁷	27	39	11	10	10	10
► PPM212: Inani lezikolo ezihanjelwe kwaba kanye ubuncinane ngekota ngumphathi wesekeke	New PPM	1 453	1 526 ⁸	1 526	1 526	1 526

⁷ Oku kubhekisa kwinani lezikolo eziza kwakhiwa kunyaka ochaphazelekayo

⁸ Inani litshintshiwe ukuze kubandakanywe izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka 2012/13 – 2014/15

2.3. INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho

Iprogram esekelayo 2.1 no-2.2: Izikolo eziziiPrayimari nezizisekondari zikarhulumente

Ukwanda kwenkcitho kubangelwe ubukhulu becala kukuphuculwa kweemeko zengqesho nokuhla nokunyuka kwamandla emali (*inflation*).

Iprogram esekelayo 2.4: Uqeqesho lootitshala

libhasari zabafundi abangootitshala ziphantsi kwale program isekelayo.

Iprogram esekelayo 2.5: Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango

linkxaso-mali ezongezelelweyo zabelwa iziseko zophuhliso ngeGranti eKhutswa phantsi kweMiqathango.

2.4 IiThagethi zaQho ngeKota zango-2012/13

IMilinganiselo/IZalathi zeNtsebenzo yeeProgram		Ithuba lengxelo	Ithagethi yonyaka 2012/2013	IiThagethi zaQho ngeKota			
				1 st	2 nd	3 rd	4 th
PPM 212	Inani lezikolo ezihanjelwe kwaba kanye ubuncinane ngekota ngumphathi wesekeke	Qho ngekota	1 526	1 526	1 526	1 526	1 526
2.16	Inani labafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezixhamlayo kwiprogram yothutho lwabafundi	Qho ngekota	49 000	49 000	49 000	49 000	49 000
2.17	Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente) [IProgram 2 : Izikolo eziziiPrayimari zikaRhulumente]	Qho ngekota	16 800	16 800	16 800	16 800	16 800
2.18	Inani labangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente) [IProgram 2 : Izikolo eziziiPrayimari zikaRhulumente]	Qho ngekota	3 900	3 900	3 900	3 900	3 900
2.19	Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente) [IProgram 2 : Izikolo eziziiSekondari zikaRhulumente]	Qho ngekota	10 200	10 200	10 200	10 200	10 200
2.20	Inani labangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente) [IProgram 2 : Izikolo eziziiSekondari zikaRhulumente]	Qho ngekota	2 700	2 700	2 700	2 700	2 700
2.21	Ukungabikho kootitshala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kucaciswa njenge-%	Qho ngekota	4%	4%	4%	4%	4%
2.22	Ukungabikho kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kucaciswa njenge- %	Qho ngekota	8%	8%	8%	8%	8%
2.23	Inani lootitshala kumaBakala 1-6 abeza kumasifundisane woqeqesho kulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala eCTLI	Qho ngekota	2 000	800	450	100	650
2.24	Inani lamalungu eekomiti zolawulo lwezikolo eziqeqeshwe e-CTLI	Qho ngekota	1 150	300	350	350	150
2.25	Inani leeprojekthi zolondolozo ezigqityiweyo	Qho ngekota	141	35	35	36	35

3. Iprogram 3: linkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo

Injongo: Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika

Ucazululo ngeprogram nganye:

Kukho iindidi ezimbini zezikolo ezizimeleyo: ezo zenzela iinkonzo abahlali abathwaxwa yintlupheko yaye zifumana inkxaso-mali kwiSebe iWCED kunye nezo zingayifumaniyo, kodwa kufuneka zibhalise kwiSebe iWCED.

linkalo eziphambili ekujoliswe kuzo ngo-2012:

- Imimiselo emitsha ngokumalunga nezikolo ezizimeleyo yabhengezwa ngoDisemba 2011. Utshintsho luya kufikelela kwiimfuno ezingummiselo zobhaliso, nemiqathango olunokurhoxiswa phantsi kwayo ubhaliso; ubhalisela abafundi iimviwo; ukubeka esweni nokwazi ukufikelela nemimiselo emalunga neenkxaso-mali. Oku makuphunyezwe ngo-2012
- Ukubonelela ngeengxowa-mali njengoko kumiselwe
- Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo ezizimeleyo zenza iSaveyi yeZikolo yaQho ngonyaka
- Ukuqinisekisa ukuba ezo zikolo zifumana inkxaso-mali zibhala iiMvavanyo zikaZwelonke zaQho ngoNyaka
- Ukucela nokuxhasa uthatho-nxaxheba lwezikolo ezizimeleyo kwiprogram yovavanyo yeSebe iWCED kumaBakala 3, 6 no- 9
- Ukucela ootitshala kwizikolo ezizimeleyo ukuba baye kwiikhosi zoqeqesho zeSebe iWCED
- Ukuququzelela nokunika ingxelo ngenkxaso yeWCED kwiZikolo eZizimeleyo
- Ukubeka esweni rhoqo iZikolo eziZimeleyo, ingakumbi ezo zifumana inkxaso-mali, ukukhuthaza uphuculo lomgangatho wazo.
- Ukwenza uphando ngezikalazo okanye ngezinto ezibangela inkxalabo kungenjalo, nokuba kwenziwe iindima zokumelwa kukuphendula ngokuqhubekayo
- Ukukhupha ezincwadini zobhaliso iZikolo eZizimeleyo ezingayithobeliyo imigqaliselo ecacisiweyo
- Ukuthatha inxaxheba kwiiforum zikazwelonke ezijongene neZikolo eziZimeleyo ukwenzela ukufaka igalelo ekulungiseni mpela imigaqo-nkqubo nokuphunyezwa kwayo kwicandelo lazo.

Iiprogram ezisekelayo

Iiprogram esekelayo 3.1: ISigaba sasePrayimari
ukunika inkxaso izikolo ezizimeleyo kumaBakala 1 - 7

Iiprogram esekelayo 3.2: ISigaba saseSekondari
ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kumaBakala 8 - 12

3.1. Injongo zoBuchule, iZalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neeThagethi zoNyaka zango-2012/13

IPROGRAM 3: INJONGO ECWANGCISWE NGOBUCHULE	
Injongo ecwangciswe ngobuchule 3.1	Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana nemithetho efanelekileyo ukuqinisekisa imfundo esemgangathweni kubafundi kwezi zikolo
Inkcazo yenjongo	1. Ukuqinisekisa, ngokubekwa esweni nokunikwa inkxaso rhoqo kweli candelo, ukuba bonke abafundi bafumana imfundo engqinelana neNkcazo yeKharithulam kaZwelonke, ukuba zonke izikolo ezizimeleyo zibhalisiwe kwaye ziyazanelisa iimfuno ezizezona zisezantsi zemithetho efanelekileyo. 2. Ukubonelela ngenkxaso-mali izikolo ezenzela iinkonzo abahlali abathwaxwa yintlupheko. 3. Ukubonelela izikolo ezizimeleyo ngenkxaso-mali, ezibalwe ngokuchanekileyo nangexesha.

3.2. Ukungqinelanisa iiThagethi zentsebenzo neBhajethi neMTEF

ST301	Inkxaso-mali kwiZikolo eziZimeleyo –limpawu eziphambili					
	2009/10 Eyiyo kanye	2010/11 Eyiyo kanye	2011/12 Eqikelelweyo	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo	2014/15 Eqikelelweyo
lintlawulo ngeprogram esekelayo nganye (R'000)*						
3.1 Isigaba sePrayimari	22,610	24,015	27,400	29,400	31,605	33,343
3.2 Isigaba seSekondari	32,912	35,681	36,788	39,474	42,435	44,769
Itotali	55,522	59,696	64,188	68,874	74,040	78,112
lintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)*						
lintlawulo zaNgoku	0	0	0	0	0	0
Imbuyiselo yabaqeshwa	0	0	0	0	0	
limpahla neenkonzonokunye (current)	0	0	0	0	0	
lintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	55,522	59,696	64,188	68,874	74,040	78,112
lintlawulo zee-asethi ii-capital assets	0	0	0	0	0	0
Itotali	55,522	59,696	64,188	68,874	74,040	78,112
► IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram yeProgram 3						
► PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali kwizikolo ezizimeleyo	17 928	16 625	18 195	18 200	18 200	18 200

BT 302	linkxaso-mali kwiZikolo eziZimeleyo – Ukunikwa izibonelelo (<i>Resourcing</i> ⁹) ezikhutshwa ngokwemimiselo yolwabiwo-mali yezikolo (2011)			
Inqanaba lenkxaso-mali	Izikolo	Inkcitho ePheleleyo (R' 000)	Abafundi	Inkcitho ePheleleyo (R' 000)
60 (ezona zithwaxwa mpela yintlupheko)	34	44 361	7 761	5,716
40	16	11,704	2 918	4,011
25	24	8,922	3 563	2 054
15	27	3,669	2316	1,584
0 (ezona zihlwempuzeke kancinane)	N/a	0	0	0
Itotali	101	68,656	16 558	4,146

3.3. INTsebenzo neeMpawu zeNkcitho

Iprogram esekelayo 3.1 no-3.2: IZigaba zezikolo eziziiPrayimari neziziSekondari

Ukwanda kwenkcitho ngenxa yokuhla nokunyuka kwamandla emali nokukhula kwamanani abafundi kweli candelo.

3.4. IiThagethi zaQho ngeKota zika-2012/13

Azikho

⁹ Makuqatshelwe ukuba amanani kule theyibhili ayahluka kulawo esiHlomelo C njengoko ebalelwe iinjongo zenkxaso-mali olusekelwe kwiSaveyi kaSNAP yango-2010/11 nemimiselo nemigangatho yolwabiwo-mali lwezikolo lweendidi ezahlukeneyo kumanqanaba awahlukileyo amabakala, ngokuxhomekeke kwifizi eziyimfuneko. Amanani esiHlomelo C asekelwe kwiSaveyi i-*Annual School Survey* of 2011.

4. IProgram 4: IZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfuno eziZodwa

Injongo: Ukubonelela ngemfundo kawonke-wonke enyanzelekileyo kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ngokungqinelanayo noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika ne*White Paper 6 on Special Needs Education: Building an Inclusive Education and Training System*

Ucazululo lweprogram nganye:

linkalo eziphambili ekujoliswe kuzo ngo-2012:

- Ukusetyenziswa kobalo olwenziwe yi-DBE lweZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa, eya kusebenza njengobalo lokwandlalela lweZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa, ukwenzela ukuthenga izibonelelo zezikolo ngokungqinelana neemfuno zazo.
- Ukomeleza nokuphucula inkqubo yokuvavanya nokudlulisela abafundi kwiingcali ukuqinisekisa impumelelo nokuphendula ngokukhawulezileyo kwinkqubo.
- Ukuxhasa nokuphucula iinkqubo zongenelelo ngoncedo ezijolise ekunciphiseni amanani abaphindayo.
- Ukunciphisa iziganeko zokuziphatha kwabafundi okuba yingxaki nokubonelela ootitshala nabaphathi ngolwazi nezakhono zokulawula iindlela zokuziphatha ukuze oko kube nenxaxheba kumanani abanqunyanyiswayo nabagxothwayo.
- Ukwenza uVavanyo lweSikolo siPhela lwezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezikhethiweyo
- Ukuxhotyiswa ngezakhono kwecandelo lokunika inkxaso abaneemfuno zemfundo ezizodwa esikolweni, kwisekethe nakwisithili
- Ukuphumeza iingcebiso zophando ngemfundo yabazizithulu
- Ukuvelisa amanyathelo okuncedisa kwinkxaso yabafundi abanezithintelo mpela ekufundeni ngokwasengqondweni
- Ukwenza kugqitywe iiprojekthi zezibonelelo zophuhliso lweziseko
- Ukwandisa iprogram yokunika inkxaso abafundi abazii-*autistic learners*
- Ukomeleza izikolo zezakhono ezikhoyo

Ugxininiso luya kuba sekuqalisweni kwesicwangciso esitsha esineengongoma ezilishumi seSebe iWCED (*new ten point WCED plan*) ukwenzela ukomeleza ukunika inkxaso imfundo eneemfuno ezizodwa, esasivunye ngo-2011.

- Ukomeleza iZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa ngoqeqesho olongezelelweyo lwabasebenzi, ukubonelela izixhobo zokufundisa, ukuqinisekisa umgangatho nokufumana amathuba okuboniswa ezona ndlela zibhetele zokufundisa
- Ukumana kusandiswa utshintsho lweZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa zibe ngamaZiko okuNika uNcedo (*Resource Centres*) kwizikolo ezamkela bonke abafundi nakwezinye izikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa
- Ukuthagetha ukubonelela ngeendawo ezongezelelweyo kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa zabafundi abaqatshelwe njengabafuna inkxaso kakhulu kwiindawo apho eso sibonelelo siqongopheleyo okanye kwiindidi zokhubazeko apho kukho ukunqongophala kweendawo nokwenza iiprogram ezifanelekileyo zabafundi abafuna inkxaso
- Ukomeleza kwizikolo ezifundisa bonke abafundi ubuchule bokwazi ukuqwalasela nokusombulula izithintelo ekufundeni nokunika inkxaso abafundi abasemngciphekweni (*vulnerable learners*)
- Ukumana kusandiswa utshintsho lwezikolo ngokubanzi ekubeni zibe ziZikolo eziBandakanya bonke abafundi ezomelezwa zinikwe inkxaso ukuze zibonelele abafundi abaneemfuno ezikumanqanaba asezantsi ukuya kwaphakathi okufuna inkxaso nethi iphucule iziphumo zezifundo kumntu wonke. Zinike umzekelo wezikolo ezibandakanya bonke abafundi emaziqatshelwe ukuba zisebenze njengesibane sokomeleza nokutshintsha zonke izikolo zabafundi ngokubanzi.
- Ukuqaphela imizekelo ekwalapho kuloo ndawo yezikolo ezinezona ndlela zibhetele zokufundisa nezibonelelo ngokumalunga neemfuno zeMfundo eziZodwa/neZithintelo ekuFundeni nasekusasazeni ezi zinto

- Ukuphucula ukubonelelwa kweMfundo eneeMfuno eziZodwa ngokuqinisekisa ukuba bonke abasebenzi bemfundo eneemfuno ezizodwa banika inkonzo esemgangathweni ophezulu yaye bagxininisa iinkqubo zokuthintela nongenelelo ngoncedo lokuxhobisa ngezakhono
- Ukuphucula izakhono kuwo onke amacandelo eSebe leMfundo ukwenzela ukubonelela ngempendulo efanelekileyo ngokunxulumene nezithintelo ekufundeni / kwiimfuno zemfundo eneemfuno ezizodwa
- Ukukhuthaza iinkqubo zentsebenziswano phakathi kwamacandelo ukwenzela ukuqaphela kwangoko nongenelelo ngoncedo lwe-LSEN/ukuthintela izithintelo ekufundeni nenkxaso eqhubeka okokoko apho ifunekayo
- Ukusebenzisa inkxaso yabazali noluntu ukubandakanya nokunika inkxaso abafundi abanezakhono ezahlukeneyo okanye abafumana izithintelo ekufundeni kuze ngokwenjenjalo kuncedwe ukwakha uluntu olunqwenelekayo lwaseMzantsi Afrika olubandakanya wonke umntu.

ISebe iWCED lakhe izitraksha zokuququzelela ukuphunyezwa kwesi sicwangciso

(1) iikomiti zokunika inkxaso zezithili

(2) ukomelezwa kwezikolo ezineemfuno zemfundo ezizodwa ukuba zibe ngamaziko oncedo (*resource centres*)

(3) ukusekwa kweyunithi ze-ELSEN/zeeKlasi zoNcedo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezitshintshelwa kwizikolo eziBonelela ngenkonzo epheleleyo/kwizikolo ezibandakanya bonke abafundi

(4) ukusekwa kweekomiti zokunika inkxaso zamanqanaba amaziko.

Iiprogram ezisekelayo:

Iiprogram esekelayo 4.1: Izikolo

Ukubonelela izikolo ezithile zikarhulumente ezinemfundo eneemfuno ezizodwa ngezibonelelo

Iiprogram esekelayo 4.2: IiNkonzo zokuphucula ooTitshala (Professional Services)

Ukubonelela ootitshala nabafundi abakwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa iinkonzo zokunika inkxaso ezilawulwa lisebe lemfundo

Iiprogram esekelayo 4.3: UPuhliso lweZakhono zaBasebenzi

Ukubonelela ngezoqeqeshelo-msebenzi nolunye upuhliso kootitshala nakubasebenzi benkonzo karhulumente abakwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa

Iiprogram esekelayo 4.4: IiGranti ezinikwa phantsi kwemiqathango

Ukubonelela IZiseko zophuhliso kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa

4.1 Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule, izalathi zeprogram yentsebenzo neethagethi zaqho ngonyaka zika-2012/13

IIPROGRAM 4: INJONGO ECWANGCISWE NGOBUCHULE	
INjongo eCwangciswe ngoBuchule 4.1	Ukwandisa ngamandla uthatho-nxaxheba ngempumelelo kwizifundo nakwezentlalo kwabo bonke abafundi kwinkcubeko nakwikharithulam yamaziko emfundo nasekunciphiseni izithintelo ekufundeni (<i>Education White Paper 6</i>)
Inkcazo yenjongo	Ukuphucula amanqanaba olwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala, ukuphucula ukupasa kwabafundi esikolweni, ze ngokwenjenjalo abafundi bakwazi ukuqhubeka nokufunda ezikolweni ngenxa yokuba benikwa inkxaso ziinkonzo zokunika inkxaso zemfundo eneemfuno ezizodwa ngokusebenzisa lezi komiti nezi zitraksha <ul style="list-style-type: none"> • Iikomiti zenkxaso ezikolweni (Institutional-level support teams) • Izitraksha zenkxaso kwii-ofisi zezithili zemfundo • Amaziko angovimba bolwazi ezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa/ • izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa • Izikolo ezifundisa ngezakhono • Izikolo ezinika inkonzo epheleleyo • Izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo • Iinkonzo zoqeqeshelo-msebenzi: inkxaso ekufundeni kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, iinkonzo zesayikholoji, iinkonzo zoonontlalo-ntle zasezikolweni, neenkonzo zonyango nezokuphilisa.

4.2. Ukungqinelelaniswa kweeThagethi zeNtsebenzo neBhajethi kunye ne-MTEF

BT 401	IMfundo yeSikolo seMfundo eneeMfuno eziZodwa - Imiba ephambili					
	2009/10 Eyiyi kanye	2010/11 Eyiyi kanye	2011/12 Eqikelelwayo	2012/13 Eqikelelwayo	2013/14 Eqikelelwayo	2014/15 Eqikelelwayo
IINTLAWULO ZEPROGRAM ESEKELAYO (R'000)*						
4.1 Izikolo	605,280	695,013	760,373	811,263	867,642	916,685
4.2 linkonzo zeengcali	0	-3	1	1	1	1
4.3 Ezolawulo lwemicimbi yabasebenzi	0		1	1	1	1
4.4 IGranti ekhutshwa phantsi kweMiqathango- i-EIG	29,324	32,636	44,684	40,470	75,109	21,000
Itotali	634,604	727,646	805,059	851,735	942,753	937,687
IINTLAWULO NGOHLELO LWEZOQOQOSHO (R'000)*						
Intlawulo yangoku	491,034	559,778	646,956	676,207	723,541	763,256
Ukubuyiselwa kwabaqeshwa	484,441	551,270	617,671	660,237	707,621	746,541
- Ootitshala	382,708	435,503	487,960	521,587	559,021	589,767
- Abangezotitshala	101,733	115,767	129,711	138,650	148,600	156,774
limpahla neenkonzonokunye (<i>current</i>)	6,593	8,508	29,285	15,970	15,920	16,715
limali ezihlawulweyo (<i>transfers</i>) neenkxaso-mali	114,246	128,680	113,419	122,446	130,835	139,500
lintlawulo zecapital assets	29,324	39,188	44,684	53,082	88,377	34,931
Itotali	634,604	727,646	805,059	851,735	942,753	937,687
► IMilinganiselo yeNtsebenzo yeProgram 4						
► PPM401: Inani labafundi ababhalise kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa:	17 966	18 292	18 878	19 000	19 200	19 400
► PPM402: Inani lootitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa:	1 746	1 768	1 765	1 765	1 765	1 765
► PPM403: Inani labasebenzi abangezotitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa	915	958	977	977	977	977

4.3. INtsebenzo neMpawu eziBoniswa yiNkcitho:

Iprogram esekelayo 4.1: Izikolo

Ukwanda kwinkcitho kubangelwa kakhulu sisibonelelo sokuphuculwa kweemeko zenkonzo (*conditions of service*), ukukhula kwinani labafundi, ukuhla kwamandla emali nokwandisa imfundo ebandakanya bonke abafundi.

Iprogram esekelayo 4.4: iiGranti eziKhutshwa phantsi kweMiqathango

Ukubonelela ngeziseko zophuhliso izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ngeGranti yeZiseko zoPhuhliso lweMfundo.

4.4 IiThagethi zeKota ngo-2012/13

IProgram yeMilinganiselo yeNtsebenzo/IZalathi		Ithuba lokunika ingxelo	Ithagethi yaqho ngonyaka 2012/2013	Ithagethi zekota			
				Eye-1	Eye-2	Eyesi-3	Eyesi-4
PPI 4.1	Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente) [IProgram 4: IZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa]	Qho ngekota	1 765	1 765	1 765	1 765	1 765
PPI 4.2	Inani labangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente) [IProgram 4: IZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa]	Qho ngekota	977	977	977	977	977

5. IProgram 5: IMfundo noQeqesho oluQhubekayo

Injongo: Ukubonelela ngeMfundo noQeqesho oluQhubekayo kwiikholeji ze-FET zikarhulumente ngokoMthetho weKholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubekayo (UMthetho 16 ka-2006) (*Further Education and Training Colleges Act*) (Act 16/2006), kubandakanywa imigaqo yoMthetho oFakela iZilungiso we-FETC, ka-2010

Ucazululo lweprogram nganye:

linkalo eziphambili ekujoliswe kuzo ngo-2012:

Ngo-2012 iiKholeji ze-FET ziya kuxhasa iprogram kazwelonke elolu hlobo lulandelayo:

Uxwebhu i-*Skills Accord*, eyasayinwa ngomhla we-13 Julayi 2011, luqulathe ukuzibophelela kukarhulumente ekuphuculeni umgangatho wokubonelelwa kwemfundo noqeqesho oluqhubekayo kwiikholeji ze-FET zikarhulumente, ekukhuthazeni iiprogram eziphendula kwangoko kwiimfuno zeemarike zemisebenzi, nasekuxhaseni ngemali iikholeji ze-FET ngokwaneleyo. Ngakwelabo icala, abezoshishino bazibophelele ekunikeni abahloli bekholeji ze-FET amathuba okuzibonela bazi okuqhubeka kwiindawo zemisebenzini; ekuxhaseni iinzame zokuba iinjini zabo -ezihlawulwa ngabo zifundise kwiikholeji ze-FET; ekuboneleleni ngenkxaso-mali.

Ezona zinto ziphambili zibalulekileyo kuzwelonke zezi

- Ukuphucula ireyithi zokupasa kwi-NC(V)
- Ukwandisa ireyithi yobhaliso lwabafundi kwiiProgram ze-NC(V) neeProgram ze-N namava omsebenzi
- Ukuseka inkqubo yokwahlula phakathi kweNkqubo zoQhelaniso-misebenzi (*Learnships*) ukuya kutsho kubandakanywa iNqanaba 5 neNqanaba 6
- Ukuphelisa ukungakwazi kusebenza ngempumelelo kwenkqubo yeekholeji ngokuthi zinikwe inkxaso kwimisebenzi yezolawulo nokuphathwa kweekholeji
- Ukuphucula uthetha-thethwano phakathi kweekholeji neeyunivesithi
- Ukuphucula umgangatho wezolawulo nokuphathwa kwe-DHET FET College Bursary Scheme
- Ukunyusa ireyithi yokupaswa kweMathematika, koLwazi lweMathematika nesiNgesi ngo-10%
- Ukwandisa ireyithi yokufumana iizatifikethi kwabo bafumana iibhasari ngo-5%, ukusuka ku-24% ngo-2010 ukuya ku-29%

Sekuthathwe amanyathelo aliqela ukuphendula kwezi zinto ziqhubekayo nakwezona zinto ziziprayorithi eziphambili ngokubaluleka. Kwinqanaba likazwelonke selungele ukusetyenziswa amanyathelo amatsha okubeka esweni nokuvavanya. Kufuneka iikholeji zinike ingxelo qho ngekota ngeqela lezalathisi zentsebenzo eziphambili. Iisistim zolawulo lwengcaciso neenkqubo zidlala indima ebalulekileyo kule nkqubo yokunika ingxelo. Kwinqanaba lephondo, amagosa anika inkxaso iikholeji ngokubeka esweni uvavanyo lwangaphakathi nokucebisa malunga namanyathelo okulungisa iziphene apho kufunekayo oko. Kuqatshelwa ngokukodwa iMathematika noLwazi lweMathematika.

ISebe i-DHET, ngentsebenziswano namaphondo, lixhasa iikholeji kucwangciso lwemisebenzi eza kwenziwa ngo-2012/13. Olu cwangciso lujolise kakhulu kwinkxaso-mali yeProgram 5 yaye ukongeza lukwajonge ekuthatheni imali kwiingxowa ezahlukeneyo, umz. kwi-National Skills Fund zisiwe kwiiprogram zokuqeqeshelwa umsebenzi nezomsebenzi zesigaba esiphakathi nezesigaba esiphakamileyo.

UFakelo lweZilungiso kuMgaqo-siseko ukwenzela ukutshintshelwa kweekholeji ze-FET zisuke kulawulo lwephondo ziye kulawulo lukazwelonke lwabhengezwa ekuqaleni kukaSeptemba 2011. ISebe i-DHET icele amaphondo ukuba aseke iikomiti ezijongene nokwenziwa kwemisebenzi yephondo (*provincial technical task teams*) ukwenzela ukulawula ukutshintshelwa kwemisebenzi kulawulo lukazwelonke. Ezi komiti ziya kubandakanya iintlobo ngeentlobo zabathathi-nxaxheba bangaphakathi nabangaphandle abaya kulawula ukutshintshwa komsebenzi kwinqanaba lephondo.

Iikholeji zaseNtshona Koloni zirekhode ukunyuka kwamanani abafundi ngo-2012 nge-10 – 15% kwi-NC(V) nakwi-Report 191. Iphulo lokugaya ngamandla ukunyuswa kwamanani obhaliso liya kuqhubeka nango-2012.

I-National Skills' Fund icele iziniki-maxabiso kwiikholeji ukuba zandise ukufundiswa kwemisebenzi yezandla nezoqhelaniso-msebenzi (*artisan and learnership delivery*) kwakunye neeprogram zezakhono ezikhokelela kwiziqinisekiso ezipheleleyo. Kwakwezi ziniki-maxabiso, iikholeji zinokubandakanya ukuxhotyiswa ngezakhono kwabasebenzi kwakunye nokuphuculwa kweziseko zophuhliso ukuxhasa ukwandisa kwamanani kwabaza kwamkelwa. Zakuba nje zibhengeziwe izabelo-mali ezi nzame ziya komeleza ukufundisa kweekholeji ngo-2012.

ISebe iWCED, libambisene kunye neekholeji, liya kuqaphela iimfuno zokuxhobisa bonke abahlohlali bephela nokusombulula oku bonke ngokudibeneyo apho kunokwenzeka oku. Kwiinkalo apho kufuneka kuqatshelwe iimfuno kwizifundo ezithile, aBacwangcisi beKharithyulam beSebe iWCED baya kuxhasa ngakumbi abahlohlali ngezinto zokunika inkxaso ezilungele iimfuno zekhampasi nezaseklasini yaye benze notyelelo lokunika inkxaso.

Isabelo-mali sebhasari yeSebe i-DHET esabelwe iikholeji zase-WC sonyuke ngo-47%. Oku kuthetha ukuba inani labafundi abanikwa inkxaso (abafundi abayi-13 192 ngo-2011) linokunyunyuswa kakhulu.

Iiprogram ezisekelayo

Iiprogram esekelayo 5.1: AmaZiko kaRhulumente

yokubonelela iikholeji ze-FET zikarhulumente ezithile ngezibonelelo

Iiprogram esekelayo 5.2: Iinkonzo zoqeqeshelo-msebenzi

yokubonelela ngabahlohlali nabafundi abasezikholejini ze-FET zikarhulumente ngeenkonzo zokunika inkxaso ezilawulwa lisebe

Iiprogram esekelayo 5.3: ICandelo loPhuhliso lwaBasebenzi

yokubonelela ngokuqeqeshelwa umsebenzi nolunye uphuhliso lwabaphathi, lwabasebenzi abangabahlohlali nabasebenzi abanika inkxaso abakwiikholeji ze-FET zikarhulumente

Iiprogram esekelayo 5.4: IGranti eKhutshwa Phantsi kweMiqathango

yokubonelela ngokongezwa kwemali eyabelwa iikholeji ze-FET zikarhulumente (eyasetyenziswa de kwangu-2008/09)

5.1 IiNjongo eziCwangcisiweyo, iZalathi-nkqubela zeNtsebenzo yeProgram neeThagethi zoNyaka ngo-2012/13

IIPROGRAM 5: INJONGO ECWANGCISWE NGOBUCHULE	
INjongo eCwangcisiwe ngoBuchule 5.1	Ukuqinisekisa ngokungqinelaniswa kocwangciso lwamaziko neeprogram zamaziko ukwenzela ukuba kwenziwe iiprogram ezizizo, eziphendula iimfuno nezijolise ekuhlangabezani oosomashishini, imizi-mveliso, neemfuno zoluntu nezabafundi baloo ndawo nokwenza/nokugcina indawo ekhuthazayo ekufundiswa kuyo iiprogram ezikumgangatho ophakamileyo ezidibanisa ithiyori/iprakthikhali oko kusenziwa ngenkqubo yolawulo nokuphathwa kwamaziko nenkxaso ekwenzeni umsebenzi
Inkcazo yenjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Uphando olusekelwe kumacandelo, ucazululo lweziphumo nothetha-thethwano kuyaqhutywa ukucwangcisa nokwamkela iiprogram. Le nkqubo ibandakanya iibhodi zemfundo zeekholeji, amabhunga eekholeji neSebe leMfundo yamaZiko aPhakamileyo kunye noQeqesho (<i>Dept of Higher Education and Training</i>) (DHET). 2. Isicwangciso esenziwe ngobuchule sikhokela onke amanqanaba esistim. I-DHET ibeka iithagethi ekufuneka zibekwe esweni okokoko. 3. Ukukhula nokuphuhliswa kweekholeji kulawulwa ngeebhujethi ezivela kwiinkqubo zokucwangcisa. 4. Ukuqinisekisa ngomgangatho wokufundisa kwiikholeji ze-FET Imigangatho eyiyo yileyo isekelwe kwi-<i>International Organization for Standardization</i> (ISO) yaye zonke iiprogram ziphantsi kokuqinisekiswa kwemigangatho ngu-Umalusi, QCTO, HEI kunye/okanye ngamagunya okuqinisekiswa kwemigangatho amazwe ngamazwe. Amalungiselelo oqeqesho kumsebenzi (oomasifundisane) avunywwa ziiSETA.

Inkcazo yenjongo	<p>5. Ukunika inkxaso kuwo onke amanqanaba</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ Ukufumana nokuququzelela ukwabiwa kwabasebenzi nezakhiwo ▪ Ukuqinisekisa ukukhula kwamanani abafundi nenkxaso kwiikholeji ze-FET ▪ Ukuququzelela nokubonelela ngenkxaso ikharithulam ▪ Ukwandisa kakhulu amathuba okufumana ingqesho ngokuthi kubekho intsebenziswano nokubambisana (<i>partnerships</i>) ▪ Ukuqinisekisa ukuba iikholeji zisoloko zilungele ukusebenzisa iindlela ezintsha, uphuhliso nokulungela kwabasebenzi umsebenzi ▪ Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela ngokulula kwaye bafumana inkxaso enkulu ekuthatheni inxaxheba ngempumelelo kwiiprogram <p>Ukubekwa esweni kwentsebenzo kwisistim iphela</p>
-------------------------	---

5.2. UkuNgqinelelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi kunye neMTEF

BT 501	IMfundo noQeqesho oluQhubelekayo – Imiba ephambili					
	2009/10 Eyiyo kanye	2010/11 Eyiyo kanye	2011/12 Eqikelelwayo	2012/13 Eqikelelwayo	2013/14 Eqikelelwayo	2014/15 Eqikelelwayo
IINTLAWULO NGOHLELO LWEZOQOQOSHO (R'000)*						
5.1 Amaziko karhulumente	368,917	446,971	534,671	584,213	653,036	689,938
5.2 linkonzo zeengcali	0	0	0	0	0	0
5.3 Ezolawulo lwemicimbi yabasebenzi	0	0	0	0	0	0
5.4 Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	0	0	0	0	0	0
Itotali	368,917	446,971	534,671	584,213	653,036	689,938
IINTLAWULO NGOHLELO LWEZOQOQOSHO (R'000)*						
Intlawulo yangoku	212,675	251,685	267,365	282,277	303,448	320,138
Imbuyiselo yabaqeshwa	212,670	251,685	267,365	282,277	303,448	320,138
▶ Abaphathi						
▶ Abahloli	0	213,075	226,349	238,974	256,897	271,027
▶ Abasebenzi abanika inkxaso	212,670	38,610	41,016	43,303	46,551	49,111
Iimpahla neenkonzonokunye (<i>current</i>)	5	0	0	0	0	0
Iimali ezihlawulweyo (<i>transfers</i>) neenkxaso-mali	156,242	195,286	267,306	301,936	349,588	369,800
Iintlawulo zee-capital assets	0	0	0	0	0	0
Itotali	368,917	446,971	534,671	584,213	653,036	689,938
▶ IProgram yeNtsebenzo yeMilinganiselo yeProgram 5						
▶ PPM 501: Inani labafundi ababhalise kwikhosi ze-NC(V) kwiiKholeji ze-FET	12 742	12 967	13 704	12 000	14 000	16 000
▶ PPM 502: Inani labafundi beekholeji ze-FET be-NC(V) abaphumelele izifundo ezipheleleyo zabo ngempumelelo	2 298	3 429	5 300	6 795	8 160	8 500

5.3. INtsebenzo neeMpawu eziBoniswa yiNkcitho

Iprogram esekelayo 5.1: Amaziko karhulumente

Ukwanda kwenkcitho kubangelwa kukwanda kweenkqubo zolwabiwo-mali okwenziwa nge-*FET College Sector Grant*.

Iprogram esekelayo 5.4: Igranti ekhutshwa phantsi kwemiqathango

Kwenziwa isibonelelo se-*Further Education and Training College Sector Recapitalisation grant*, ukuya kutsho ku-2008/09, yaza emva koko yafakwa phantsi kweprogram esekelayo 5.1: AmaZiko kaRhulumente.

5.4. IiThagethi zaqho ngeKota zika-2012/13

Azikho

6. IProgram 6: IMfundo noQeqesho lwaBadala

Injongo: Kukubonelela ngeMfundo noQeqesho lwaBadala (*Adult Education and Training (AET)* ngokungqinelana noMthetho weMfundo noQeqesho lwaBadala olusiSiseko, 52 ka-2000, (*Adult Basic Education and Training Act, 52 of 2000*), kubandakwanywa nemigaqo yoMthetho oFakela iziLungiso kwi-AET, 2010.

Ucazululo lweprogram ngamnye:

Ngo-2012 ugxininiso kule program luya kuba sekwandiseni amanani nasekuphuculeni umgangatho weziqinisekiso ezifunyenwe ngokumalunga nabafundi abakumacandelo e-GET ne-FET.

linkalo eziphambili ekujoliswe kuzo ngo-2012:

- Ukuxhasa inkqubo yokwenziwa kwemisebenzi yokutshintshela iMfundo noQeqesho lwaBadala ukusuka kulawulo lwephondo ifakwe phantsi kolawulo lukazwelonke.
- Kuya kufundiswa izifundo ezinge-“Siqinisekiso seMatriki” sangaphambili kubafundi abamalunga ne-2500 ababhalise kumaZiko eMfundo yaBadala.
- ISebe iWCED liya kuxhasa amalungiselelo esiqinisekiso esitsha esiya kuthatha indawo yeSiqinisekiso seMatriki
- Iiprogram ezivunyiweyo zezakhono, eziya kujolisa kulutsha nakwabaqeshwanga, ziya kwandiswa ukuba zibandakanye iZiko elinye kwisithili ngasinye.
- Ulwabiwo ngokwemimiselo nemigangatho efanayo luya kwenziwa ngokwemigqaliselo
- Kuya kukhutshwa imimiselo yamaBhunga oLawulo amaZiko, ebandakanya umgaqo-sikhokelo wokusebenza kwamaBhunga aMele aBafundi kumaziko e-AET, ukuphendula kwizilungiso zoMthetho we-ABET ka-2000.
- ISebe iWCED liya kubonelela ngeeProgram zeMfundo yaBadala kubaqeshwa abayi-700 bamaSebe kaRhulumente wePhondo nokaZwelonke alishumi nakumashishini/nakwimizi-mveliso

Iiprogram ezisekelayo

Iiprogram esekelayo 6.1: INkxaso-mali enikwa amaZiko eMfundo yaBadala kaRhulumente
yokuxhasa amaziko e-AET karhulumente athile oko kusenziwa ngenkxaso-mali

Iiprogram esekelayo 6.2: INkxaso-mali enikwa amaZiko eMfundo yaBadala aBucala
ukuxhasa amaziko e-AET abucala athile oko kusenziwa ngenkxaso-mali

Iiprogram esekelayo 6.3: IiNkonzo zooTitshala
yokubonelela ootitshala nabafundi abakumaziko e-AET ngeenkonzo zokunika inkxaso ezilawulwa lisebe

Iiprogram esekelayo 6.4: EzoLawulo lweMicimbi yaBasebenzi
yokubonelela ngokuqeqeshelwa umsebenzi nolunye uphuhliso lwabaphathi, lwabasebenzi abangootitshala nabasebenzi abanika inkxaso bamaZiko e-AET.

6.1 IiNjongo eziCwangciswe ngoBuchule, neeThagethi zoNyaka ka-2012/13

IPROGRAM 6: INJONGO ECWANGCISWE NGOBUCHULE	
INjongo eCwangciswe ngoBuchule 6.1	Ukubonelela ngenkxaso kulawulo nokuphathwa kwe-AET ngokuqulunqa imigaqo-nkqubo nezicwangciso zongenelelo ngoncedo eziququzelela ukufundiswa kwekharithulam kumaziko emfundo yabadala (<i>adult learning centres</i>); ukubonelela ootitshala nabafundi kumaziko e-AET ngeenkondo zenkxaso yekharithulam ezilawulwa lisebe, nokubonelela ngophuhliso kuqeqesho lomsebenzi kootitshala nabo bangezotitshala
INkcazo yeNjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ukubonelela ngokwazi ukufikelela kwabantu abadala kwiiprogram ezifanelekileyo. 2. Ukunciphisa ireyithi yokungakwazi kufunda nakubhala kubantu abadala nakwabatsha ngokusebenzisa iisistim zokunika inkxaso eziya kuxhobisa abafundi ngolwazi lokufunda nokubhala, nolwazi lokubala abanokulusebenzisa nezakhono zokubala nezoxibeelwano. 3. Ukubonelela ngezinto zokufunda nokufundisa ezikowona mgangatho uphezulu. 4. Ukuqinisekisa ukuba iiprogram ziyangqinelana nemfuno. 5. Ukukhuthaza ulungelelaniso noqhagamshelwano oluncedisanayo phakathi kweiprogram ze-AET noqeqesho olugxile kwizakhono. 6. Ukuququzelela intsebenziswano phakathi kwabathathi-nxaxheba beAET, amasebe karhulumente, amashishini abucala namanye amaqela achaphazelekayo. 7. Ukuqinisekisa ukuba iingcali nabaphathi banolwazi lokuphumeza iiprogram ezifundiswayo ngokuqhuba oomasifundisane neeforum zokomeleza kharithulam. 8. Ukuphucula umgangatho wokufundisa nokufunda ngokusebenzisa iiprogram zokuqeqesha ootitshala, iiprogram zokucebisa ngamakhondo omsebenzi abafundi. 9. Ukomeleza nokwandisa isiseko solwazi senkonzo yengcebiso ngezekharithulam ye-AET ngokukhuthaza ukuthatha inxaxheba kwayo kwimisebenzi kazwelonke kwakunye nokukhuthaza uqhagamshelwano namanye amaphondo

6.2. UkuNgqinelelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi kunye ne-MTEF

BT 601	IMfundo yaBadala noQeqesho – limpawu eziphambili					
	2009/10 Eyiyi kanye	2010/11 Eyiyi kanye	2011/12 Eqikelelwayo	2012/13 Eqikelelwayo	2013/14 Eqikelelwayo	2014/15 Eqikelelwayo
lintlawulo ngeprogram esekelayo nganye (R'000)*						
6.1 linkxaso-mali kumaziko karhulumente	29,479	32,152	33,917	35,816	37,869	39,807
6.2 linkonzo zeengcali	0	0	1	1	1	1
6.3 Ezolawulo lwemicimbi yabasebenzi	0	0	1	1	1	1
Itotali	29,479	32,152	33,919	35,818	37,871	39,809
lintlawulo ngohlelo lwezoqoqosho (R'000)*						
Intlawulo yangoku	6,901	7,165	9,003	9,631	10,322	10,883
Imbuyiselo yabaqeshwa	6,621	6,098	7,700	8,262	8,882	9,371
▶ Abaphathi						
▶ Ootitshala	5,032	4,634	5,852	6,279	6,750	7,122
▶ Abasebenzi abancedisayo	1,589	1,464	1,848	1,983	2,132	2,249
limpahla neenkonzokunye (<i>other current</i>)	280	1,067	1,303	1,369	1,440	1,512
limali ezihlawulweyo (<i>transfers</i>) neenkxaso-mali	22,578	24,987	24,916	26,187	27,549	28,926
lintlawulo zee-capital assets	0	0	0	0	0	0
Itotali	29,479	32,152	33,919	35,818	37,871	39,809
▶ IProgram yeMimiselo yeNtsebenzo yeProgram 6						
▶ PPM601: Inani labafundi ababhalise kumaZiko e-ABET karhulumente	38 053	40 120	36 582	20 500	21 000	31 000
▶ PM602: Inani lootitshala abaqeshwe kumaZiko e-ABET karhulumente	3	962	1 019	600	600	900
Qaphela: Amanani aqikelelwayo obhaliso achatshazelwa ziinguqu kwikharithulam nenkqubo yokufunda yeMfundo yaBadala noQeqesho.						

6.3. INtsebenzo neMpawu eziBoniswa yiNkcitho:

Ukwanda kwenkcitho kubangelwa ikakhulu kukuphuculwa kweemeko zenkonzo nokuhla kwamandla emali.

6.4 IiThagethi zeKota zika-2012/13

Azikho

IProgram 7: UPuhhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo

Injongo: Kukubonelela ngoPuhhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo (ECD) kwinqanaba leBakala R ngokungqinelana ne*White Paper 5*.

Ucazululo lweprogram nganye:

Ngo-2012 iSebe iWCED liya kugxininisa ekuboneleleni okwandisiweyo kwezikolo zeBakala R zikarhulumente eziqhelekileyo ezikumgangatho ophezulu nasekuqinisekiseni ukuba abo bangena kwiBakala 1 balungiselelwe ngokwenene ukuqalisa esikolweni.

linkalo eziphambili ekujoliswe ngo-2012

- Eyona nto kuza kujoliswa kuyo ngo-2012 kuya kuba kuqinisekisa ukufunda nokufundisa okusemgangathweni kwiBakala R kwizikolo zikarhulumente. Ungenelelo ngoncedo luya kukhokelwa ziziphumo zeprojekthi esalingwayo ka-2011 yovavanyo lokulungela ukuqalisa esikolweni oluqhutywa kubafundi beBakala R abangaphezulu kwe-3 500 kwizikolo eziyi-200.
